

INgqokelela yamaBali


ISIXHOSA
ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 1 & 2



IBANGA
2





INgqokelela yamaBali

IBANGA 2 | IKOTA 1 & 2

ISIXHOSA

**Copyright © 2026 National Educational
Collaboration Trust (NECT)**

This work is licensed under a **Creative Commons
Attribution–NonCommercial–NoDerivatives 4.0
International License (CC BY-NC-ND 4.0)**.

Additional permissions beyond the scope of this license
may be available. For further information, please
contact the publisher at **materials@nect.org.za**.

First edition, 2026



IKOTA 1



IMEPHU YOMZANTSI AFRIKA



Amantshontsho
kaThuli



UMntla Koloni



Undize




UBongiwe uziva
engakhululekanga



INTshona Koloni

ULwandlekazi
lweAtlantiki





ILimpopo



Idayari kaMandu
eyimfihlo



UTimeo unceda
usapho lwakhe

IGauteng

IMpumalanga

UMntla Ntshona

IFreyistata

IKwaZulu-Natal



UMarie
ugcina imali



Imini embi
kaZama



Ilinge elikhulu
likaCandice noCarla



IMpuma Koloni

**ULwandlekazi
IweIndiya**

IKOTA I AMABALI



1. UMarie ugcina imali

1



2. Amantshontsho kaThuli

13



3. Ilinge elikhulu likaCandice noCarla

27



4. UTimeo unceda usapho lwakhe

41



5. UBongiwe uziva engakhululekanga

55



6. Imini embi kaZama

67



7. Idayari kaMandu eyimfihlo

81



8. Undize

93

IBALI 1

UMARIE UGCINA

IMALI

Umxholo: Sibeka iinjongo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi ukuba bafunde banzi ngokusebenzela injongo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kweli bali, uMarie ubeka injongo yokuthenga ibhayisekile entsha.
- UMarie uyasebenza aze agcine imali yakhe ukuphumeza injongo yakhe.
- Eli bali libandakanya intwanana yokudibanisa nokuthabatha imali. Oku kubonisa abafundi umzekelo wokwenyani wokusebenzisa izakhono zeZibalo ukusombulula ingxaki.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yiba nomfanekiso-ngqondweni

- Yintoni: Ukuba nomfanekiso-ngqondweni wento eyenzekayo ebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukwenza ibali livakale linobunyani kwaye linika umdla.
- Inceda njani: Ikunceda uqonde indlela ababonakala ngayo abalinganiswa neendawo kwaye kwenza ibali licace.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
8, 2	“Jonga!” watsho uBusi enemincili, “Ngoku sinemali eyaneleyo yokuthenga ibhayisekile yakho, kunye nentsalela.”	Ndinomfanekiso-ngqondweni kaMarie noBusi bexhumaxhuma yimincili xa bebona iR100. Ngoku uMarie unemali eyaneleyo yokuthenga ibhayisekile yakhe!
9, 1	NgoMgqibelo olandelayo uMarie notata wakhe baya evenkileni ukuya kuthenga ibhayisekile yakhe entle emthubi. Baza yena noBusi bakhwela iibhayisekile zabo ezintle kunye imini yonke, kwade kwatshona ilanga!	Ndinomfanekiso-ngqondweni wendlela abonwabe ngayo njengoko beqhuba kunye. Ndinombono wabo bencumile behleka njengoko beqhuba kunye.

Umhlobo kaMarie uBusi wayenebhayisekile entle epinki. Yonke imihla uMarie wayenqwenela ukuba akwaba naye ebenayo ukuze bazokuzikhwela kunye.

Ngenye imini, esevenkileni, uMarie wabona ibhayisekile emthubi, efana nqwa nekaBusi. Yayibiza amakhulu amabini eerandi. “Tata, ungandinceda undithengele le bhayisekile?” wabuza.

“Ndiza kuhlawula isiqingatha sexabiso layo kuphela,” watsho utata kaMarie. “Wena kuza kufuneka usebenze nzima, uzigcinele intsalela yemali ngokwakho.” Utata kaMarie wamnika ikhulu leerandi.

Akufika ekhaya uMarie wayifaka imali kwidrowa ephezulu apho yayikhuselekile. Wacinga, wacinga, “Ndiza kwenza njani ukuze ndifumane le ntsalela yemali ze ndithenge ibhayisekile yam entle emthubi?”



Ngosuku olulandelayo wafika uBusi ekhwele ibhayisekile yakhe entle epinki. UMarie wamxelela uBusi ngako konke okuthethwe ngutata wakhe. “Ukuba ndingakwazi ukugcina imali eyaneleyo singakwazi ukuqhuba iibhayisekile zethu sobabini,” watsho uMarie.

“Ndinecebo!” watsho uBusi. “Masisebenze esitiyeni, aze utata wakho asihlawule.” Bahamba bobabini uBusi noMarie baya kutata kaMarie.

“Tata, ungasihlawula xa sikuncedisa ukusebenza esitiyeni?” wabuza uMarie.

“Licebo eliphucukileyo elo,” waphendula utata. “Ndisoloko ndiludinga uncedo esitiyeni sam kuba sikhulu. Ndiza kunihlawula amashumi amabini eerandi ngosuku ngalunye enincedise ngalo,” watsho.



UBusi noMarie basebenza imini yonke. Ekupheleni kwemini, utata kaMarie wanika umntu ngamnye amashumi amabini eerandi. UBusi wayithatha eyakhe imali wayinika uMarie. “Ukuba nebhayisekile kuya kuba yinto emnandi kakhulu xa nawe uneyakho,” watsho.

“Yhu! Enkosi kakhulu Busi!” watsho uMarie.

UMarie wabuyela egumbini lakhe. Wayibeka imali yakhe agqiba kuyifumana engamashumi amane eerandi kunye nekhulu leerandi. “NdineR140 ngoku,” wacinga njalo. “Ziintsukwana nje ezimbalwa nam ndikwazi ukuzithengela ibhayisekile yam entsha.”



Ukuphuma kwesikolo ngoMvulo uBusi noMarie badlala kunye eyadini. UMarie weva isandi esingaqhelekanga. “Mamela,” watsho. “Uyayiva le nto ndiyivayo?” UBusi wajonga phantsi. Wabona ikati ibambeke ecingweni.

“Owu yini!” wakhuya uBusi ekhathazekile. “Le kati ibambekile!” UMarie waguqa phantsi walanceda lakhululeka elo ntshontsho lekati. “Yini bethu usizana olunguKitsi!” watsho ngovelwano.

UBusi wayifunqula ikati waza wayiphulula eyithoba izibilini.

“Siza kwenza ntoni ngoku?” wabuza uMarie. “Ndiqinisekile umniniyo uyayikhangela kuyo yonke indawo ikati yakhe.”





Kanye ngelo xesha babona umbhalo omkhulu uxhonywe emthini. Wawunomfanekiso wale kati bayifumeneyo ngqo, kubhalwe “ILAHLEKILE” ngamagama abomvu. Bakhuphela inombolo yomnxeba eyayilapho. Babaleka ukuya kuloBusi. Umama kaBusi wabavumela ukuba basebenzise umnxeba wakhe ukutsalela inombolo eyayibhalwe kwipowusta.

Wafika uBrenda eze kuthatha ikati. Xa ehamba wakhupha ikhulu leerandi esipajini. “Ndiyabulela kakhulu ngokufumana ikati yam,” watsho waza wanika uBusi imali.

“Jonga!” watsho uBusi enemincili, “Ngoku sinemali eyaneleyo yokuthenga ibhayisekile yakho, kunye nentsalela.”





NgoMgqibelo olandelayo uMarie notata wakhe baya evenkileni ukuya kuthenga ibhayisekile yakhe entle emthubi.

Baza yena noBusi baqhuba iibhayisekile zabo ezintle kunye imini yonke de laya kutshona ilanga.





Ufundo 1

Ngubani owanika uMarie imali?

Utata wakhe, uBusi, noBrenda (umnikazi wekati).

Wayedinga malini uMarie ukuze afumane ibhayisekile yakhe entsha?

Wayedinga amakhulu amabini eerandi.

Kwakutheni ukuze uMarie afune ukugcina imali yakhe?

- Kuba wayefuna ukuthenga ibhayisekile.
- Kuba wayefuna ukuthenga ibhayisekile efana neyomhlobo wakhe uBusi.
- Kuba wayefuna ukukhwela ibhayisekile nomhlobo wakhe wenene uBusi.
- Kuba utata wakhe wamxelela ukuba uza kuhlawula isiqingatha semali, yena makazigcinele imali yesinye isiqingatha.



Ufundo 2

Wayenza njani uMarie imali?

- Wasebenza esitiyeni.
- UBusi wasebenza esitiyeni waza imali yakhe wayinika uMarie.
- Bafumana ikati waza umnikazi wayo wabanika isipho esiyintlawulo.

Ashiyekelwa yimalini amantombazana?

Amantombazana ashiyekelwa ngamashumi amane eerandi.

Kwakutheni ukuze uBusi anike uMarie eyakhe imali?

- Kuba wayefuna ukunceda umhlobo wakhe agcine imali yebhayisekile.
- Kuba wayenayo yena ibhayisekile.
- Kuba ungumhlobo olungileyo noluncedo.
- Kuba kumnandi ngakumbi xa uqhuba ibhayisekile nabahlobo.



IBALI 2

AMANTSHONTSO

KATHULI

Umxholo: Sibeka iinjongo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ngcono indlela yokucwangcisa, eyokubeka iinjongo kunye nokuphumeza injongo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Amaxesha amaninzi, ukubeka injongo sidinga icebo. Kweli bali, umakhulu wenza icebo aze alilandele de aphumelele.
- Ukuqala ishishini, umakhulu usebenzisa izixhobo ezikufutshane aze acele uncedo kusapho lwakhe. Ngusomashishini nomsombululi wengxaki!
- Ngokubukela umakhulu, uThuli ufunda ngendlela yokuqala ishishini elincinane.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
15, 1	UThuli nomakhulu wakhe babe nesikhukukazi esihle esimdaka ngombala. UThuli wasithiya igama lokuba nguNomdakazana. Qho kusasa uThuli wayephuma phandle ukuyokujonga ukuba akazokufumana qanda na ukuze afumane isidlo sakusasa.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba amaqanda awanelanga ukuze umakhulu atye kusasa –linye kuphela, lelukaThuli.
20, 3	“Ungaliphathi!” wayalela umakhulu ngelizwi elithambileyo. “Kufuneka azive ekhuselekile ehokweni yakhe ukuze angawashiyi odwa amaqanda akhe.”	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba umakhulu wayekhe wazifuya iinkuku ngaphambili, kuba ngathi uyakwazi ngqo amakakwenze.

UThuli nomakhulu wakhe babenesikhukukazi esihle esimdaka ngombala. UThuli wasithiya igama lokuba nguNomdakazana. Qho kusasa, uThuli wayephuma phandle ukuyokujonga ukuba akazokufumana qanda na ukuze afumane isidlo sakusasa.



Umakhulu kaThuli wayegqibe kwelokuba ufuna ukuqala ishishini lamaqanda. Wabala ukuba xa anokuba nezikhukukazi ezilishumi elinambini, baya kufumana amaqanda alithoba ngemini ubuncinane. Ngoko ke babeza kufumana amaqanda amane ngesidlo sakusasa baze bathengise lawo mahlanu asecaleni.

“Asinamali yakuthenga izikhukukazi ezilishumi elinambini,” umakhulu waxelela uThuli, “kodwa ndinecebo!”



Umakhulu waboleka umqhagi kamalume uNdumiso.
Wacacisela uThuli ukuba ngoku amaqanda abo aza
kuqandusela abe ngamantshontsho.

UThuli waziva ekhathazekile kukuba wayengazokutya
amaqanda amatsha anambithekayo
kangangexeshana. Kodwa, wayengakwazi kulinda de
iyadi yabo izale ngamantshontsho.



Ngenye invakwemini, umakazi kaThuli, uLinda, wafika namaplanga, inkonkxa yepeyinti kunye nepeyinti. UThuli nomakazi uLinda benza ihoko yeenkuku apho uNomdakazana wayeza kuzalela amaqanda akhe. Bayipeyinta ngemibala eqaqambileyo. Phantsi babeka ingca ethambileyo.



Ngentsasa elandelayo, uThuli waya ehokweni ephethe ukutya kukaNomdakazana kunye nesityana samanzi. UThuli walungiselela ukufaka isityana samanzi ehokweni. Kodwa umakhulu waphuma phandle wamyalela ukuba kungcono asibeke ngaphandle kwehoko.

“Ukuba ukutya namanzi akufutshane nendlwane yamaqanda, uNomdakazana anganyathela amaqanda ngempazamo xa azama ukutya!” wacacisa umakhulu.



UThuli wayenemincili ngemini elandelayo.
Akuphakama kwindlwane yakhe yamaqanda
uNomdakazana ukuzokutya, uThuli waqaphela iqanda
elihle elimdaka ngombala livele engceni.

“Jonga!” watsho uThuli esalatha iqanda.

“Ungaliphathi!” wayalela umakhulu ngelizwi
elithambileyo. “Kufuneka azive ekhuselekile ehokweni
yakhe ukuze angawashiya odwa amaqanda akhe.”



Yonke imihla kusasa emva koko, ukuphakama
kukaNomdakazana kwindlwane yakhe ukuyokutya,
uThuli wayebala amaqanda.

1-2-3-4-5-6-7-8-9-10-11. Iintsuku ezili11, amaqanda
ali11. Iqanda elitsha ngemini nganye.



Kodwa ngosuku lweshumi elinambini, uThuli wabala amaqanda alishumi elinanye kwakhona.

“Kutheni kungekho maqanda matsha?” wabuza uThuli enxubile.

“Isikhukukazi sifukama malunga neshumi elinambini lamaqanda kuphela. Sinamaqanda amaninzi okuwafukama ngoku! UNomdakazana uza kuyeka ukubeka amaqanda amatsha. Uza kufukama la kangangentsuku ezingama21,” watsho umakhulu.




UThuli wabaleka wangena endlwini. Wenza ikhalenda eneentsuku ezingama21. Wakrwela umgca phezu kosuku lokuqala.

Yonke imihla emva koko, uThuli wamana ukucima usuku ngokulukrwela kwikhalenda. Akuba ekrwele usuku lwama21 ekugqibeleni, wakhwaza ngemincili. “Imini ifikile!” wakhwaza ebaleka ukuphuma phandle.



UThuli wahlala ngasehokweni wade weva intshukumo ngaphakathi. Amantshontsho ayefikile ekugqibileni!





Ufundo 1

Wayefuna ukuba nezikhukukazi ezingaphi umakhulu?

Umakhulu wayefuna ukuba nezikhukukazi ezilishumi elinambini.

Wawuboleka kubani umqhagi umakhulu kaThuli?

Wawuboleka kuMalume uNdumiso.

Kwakutheni ukuze umakhulu kaThuli aboleke umqhagi kuMalume uNdumiso?

- Kuba kudingeka umqhagi ukuze amantshontsho akhule eqandeni.
- Kuba wayefuna amaqanda aqandusele abe ngamantshontsho ukuze abe neenkuku ezininzi.
- Wayefuna ukuba neenkuku ezininzi ukuze yena noThuli babe namaqanda amaninzi. Babeza kutsho bawagcine amanye bawathengise amanye.
- Kuba wayefuna ukuqala ishishini lakhe lamaqanda edinga ezinye iinkuku.
- Kuba wayengenayo imali yokuthenga iinkuku, waza wathatha isigqibo sokuziqanduselela ze azikhulisele zibe ziinkuku.



Ufundo 2

Wafukama phezu kwamaqanda amangaphi uNomdakazana?

Wafukama amaqanda ali11.

Walinda ixesha elingakanani uThuli ukuze amaqanda aqandusele?

Walinda iintsuku ezingama21.

Kwakutheni ukuze uThuli azive ekhathazekile kodwa ekwanemincili?

- Wayeziva ekhathazekile kuba wayekuthanda ukufumana amaqanda yonke imihla, kodwa ngelixa amaqanda ayengekaqanduseli abe ngamantshontsho, wayengazokutya maqanda.
- Wayekhathazekile kuba yayiza kuba lithutyana engawafumani amaqanda esidlo sakusasa.
- Wayenemincili kuba kungekudala iyadi yayiza kuzala ngamantshontsho.
- Wayenemincili kukuqandusela kwamaqanda abe ngamantshontsho.



IBALI 3

ILINGE ELIKHULU

LIKACANDICE NOCARLA



Umxholo: Siyanceda



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi ukuqonda ukuba ukunceda abanye kungathatha ixesha nomonde.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kweli bali, uCandice usebenzela ukunceda udade wabo uCarla ngendlela yokukhwela ibhayisekile.
- UCandice ngudade omdala onobubele nomonde. Uza neqela leendlela zobuchule ukunceda udade wabo.
- Ukufundisa uCarla kuba lilinge elinzima!



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
29, 1	Ekugqibeleni lwafika usuku lokuzalwa lukaCarla. Udade wabo omdala uCandice wayelulinde ngamehlo abomvu olu suku. UCandice nomakhulu wakhe bamkethela ibhayisekile enombala oqaqambileyo omthubi. UCandice wayengxamele ukufundisa uCarla indlela eqhutywa ngayo ibhayisekile.	Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uCandice unokuba selekwazi ukukhwela ibhayisekile. UCandice unokuba unemincili yokufundisa uCarla indlela yokuqhuba ibhayisekile ukuze bakwazi ukuqhuba kunye!
35, 1	UCandice wayiqonda into yokuba ngekhe babethwe ngumoya ukuya kuzonwabisa namhlanje. Wabambeleva ebhayisekileni ngemva kwakhona. “Okwangoku ndicinga ukuba kufuneka ufunde ukunyawuza nokuzinzisa ibhayisekile yakho kuphela,” watsho kuCarla.	Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uCandice ufuna nyani ukunceda udade wabo ukuba afunde, kuba ubaleka emva kwebhayisekile imini yonke emncedisa ukuziqhelanisa!

Ekugqibeleni lwafika usuku lokuzalwa lukaCarla. Udade wabo omdala uCandice wayelulinde ngamehlo abomvu olu suku. UCandice nomakhulu wakhe bamkhethela ibhayisekile enombala oqaqambileyo omthubi. UCandice wayengxamele ukufundisa uCarla indlela eqhutywa ngayo ibhayisekile.



Emva kwesidlo sasemini, umakhulu wamyeka uCandice wayingenisa ngokuyiqhuba endlwini ibhayisekile entsha. Babopha iqhina elikhulu elibomvu ezimpondweni. Waza uCandice wabiza uCarla. UCandice wayengxamele ukubona uncumo lukaCarla xa ebona ibhayisekile yakhe entsha.



UCarla wangena ebaleka egumbini. Bakhazimla ubuso bakhe akubona ibhayisekile enombala oqaqambileyo omthubi. Kodwa lwanyamalala uncumo lwakhe kancinci.

“Kodwa... andikwazi ukuyiqhuba,” watsho.

“Ungaxhali! Isipho sam somhla wakho wokuzalwa kukufundisa wena ukuba iqhutywa njani,” watsho uCandice ezele imincili.



Ngentsasa elandelayo kwakungoMgqibelo, uCandice wavuka kusasa kakhulu.

“Masihambe siye epakini. Ndifuna ukukufundisa ukuqhuba ibhayisekile ukuze sibe nelinga eliza kusonwabisa,” watsho uCandice.

UCandice wakhwela kweyakhe ibhayisekile. “Qwalasela indlela endenza ngayo, uze kuyazi ngoko into omawuyenze,” wamchazela udade wabo.

UCandice wanyawuza ibhayisekile yakhe yenyuka isehla indlela njengoko uCarla ebukele.

“Ngoku lithuba lakho lokuzama,” watsho uCandice kuCarla.

“Ndiyoyika!” watsho uCarla.
“Ndakuthini ukuba ndiwile?” wabuza.



UCandice wayecinge ukuba kuya kuba lula ukufundisa uCarla. Wacinga ngendlela awayenokumfundisa ngayo ukunyawuza. Weza wanecebo.

“Yiza, khwela ebhayisekileni yakho,” watsho uCandice. Waza wayibamba ibhayisekile ukuze ingashukumi. “Nyawuza ke uziqhelise,” wachazela uCarla watsho.

UCarla wabeka iinyawo zakhe emicepheni yokunyawuza elixa uCandice ebambe nkqi ibhayisekile. Wanyawuza wanyawuza. Emva kwemizuzu embalwa, uCandice wacinga ukuba uyibambile indlela ekwenziwa ngayo.

“Zama ke ngoku uwedwa,” uCandice wayalela uCarla. Wayiyeka ukuyibamba ngoku ibhayisekile uCandice.

UCarla waziphakamisa iinyawo emicepheni waza wayiva ibhayisekile ingcangcazela ishukuma macala onke. Wabeka iinyawo zakhe phantsi.

“Ndiyoyika ukuzinyawuzela! Ndakuthini ukuba ndinokuwa?” wabuza uCarla.



UCandice wayecinge ukuba kuya kuba lula ukufundisa uCarla. Ngoku uCarla wayekwazi ukunyawuza ibhayisekile, wacinga ngendlela yokumfundisa ukuba ayizinzise endleleni ingahexi. Weza wanecebo.

“Yiza, khwela ebhayisekileni yakho,” watsho uCandice. Wayibamba nkqi ke ngoku ibhayisekile ngasemva. “Ngoku uza kuziqhelisa ukuyigcina izinzile endleleni,” wachazela uCarla.

UCarla wanyawuza wabheka phambili waza uCandice wabaleka emva kwebhayisekile esayibambe nkqi ngasemva. Emva kwemizuzu embalwa uCandice wacinga ukuba uCarla uyibambile indlela ekwenziwa ngayo.

“Zama ke ngoku uwedwa,” watsho uCandice eyalela uCarla. Wayiyeka ukuyibamba ngoku ibhayisekile uCandice.

UCarla weva ibhayisekile ishukuma waza wabeka iinyawo zakhe phantsi.

“Ndiyoyika kakhulu ukuzinza ngokunokwam! Ndakuthini ukuba ndingawa?” wabuza Carla.



UCandice wayiqonda into yokuba ngekhe babethwe ngumoya ukuya kuzonwabisa namhlanje. Wabambelela ebhayisekileni ngemva kwakhona.

“Okwangoku ndicinga ukuba kufuneka ufunde ukunyawuza nokuzinzisa ibhayisekile yakho kuphela,” watsho kuCarla.

Benyuka besehla iiyure eziliqela – uCarla ephezulu kwibhayisekile yakhe ngelixa uCandice ebaleka emva kwayo.



Ilanga laya lisiya kutshona . UCandice wayedinwe eyimfe emva kokubaleka imini yonke. “Masigoduke,” watsho ekhefuzela.



“Kube kanye nje,” watsho uCarla.

UCandice wabaleka emva kwakhe, ebambelele nkqi ebhayisekileni. Kodwa emva kwemizuzwana embalwa uCarla wakhwaza, “Ndiyeke!”

UCandice wazisusa izandla waza wabukela uCarla eziqhubela eqengqeleka kuloo ndlela. UCandice wamqhwabela izandla wayiyizela ekhwaza njengoko embukele udade wabo eqhuba.



Elinjalo lona ilinge namhlanje!





Ufundo 1

Wawunjani umbala webhayisekile kaCarla entsha?

Yayingumbala omthubi oqaqambileyo.

Sasiyintoni isipho sikaCarla esivela kuCandice?

Isipho sakhe yayikukumfundisa ukuqhuba ibhayisekile.

Kwakutheni ukuze uCandice abaleke emva kwebhayisekile kaCarla imini yonke?

- Kuba wayefuna ukunceda udade wabo afunde ukuqhuba ibhayisekile.
- Kuba udade wabo wayesoyika ukuziqhubela ibhayisekile eyedwa.
- Kuba wayecinga ukuba oko kuza kumnceda aziqhelise ukunyawuza nokuzinzisa ibhayisekile yakhe.
- Kuba wayengudade onobubele nokhathalayo.



Ufundo 2

Yintoni enokusenza sizithathele isigqibo xa silandela ibali sithi uCandice ungudade olungileyo kwaye okhathalayo?

- Kuba ukucwangcisile njengesipho ukufundisa udade wabo ukuqhuba ibhayisekile.
- Kuba wayebambelele ebhayisekileni ngeli xesha afundisa udade wabo ukunyawuza.
- Kuba wabaleka emva kwebhayisekile imini yonke.
- Kuba wayenomonde ngeli lixa udade wabo wayesoyika ukuziqhubela yedwa.
- Kuba wakhwaza ekhuthaza eqhwaba uCarla akuziqhubela ekugqibeleni.

Wamnceda njani uCandice udade wabo?

- Wabamba ibhayisekile ngeli xesha aziqhelisa ukunyawuza.
- Wabamba ibhayisekile waza wabaleka emva kwayo ukuze udade wabo aziqhelise ukunyawuza nokuyigcina izinzile ngaxeshanye.

Kwakutheni ukuze uCandice aqhware ayigizele njengoko wayejonge udade wabo eqhuba ibhayisekile?

- Kuba udade wabo wayeqhuba ibhayisekile yakhe okokuqala.
- Kuba wayeziqhayisa ngaye.
- Kuba udade wabo wayesebenze nzima imini yonke.
- Kuba naye wayesebenze nzima imini yonke enceda udade wabo.
- Kuba imini yonke udade wabo wayesoyika ukuziqhubela eyedwa kodwa ekugqibeleni wayezama!
- Kuba ungudade olungileyo nokhathalayo – uyavuya xa udade wabo ephumelela kwinto entsha.



IBALI 4

U~~TIMEO~~ UNCE~~DA~~

USAPHO LWAKHE

Umxholo: Siyanceda



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi ukuqonda ngcono indlela ukuqhula nokuxhaphaza kunokulimaza ngayo abantu – abantwana nabantu abadala ngokufanayo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Abantu bangaqulwa okanye baxhatshazwe ngenxa yezizathu ezininzi. Abanye abantu baxhatshazwa kuba abangobaseMzantsi Afrika. Ukuxhaphaza akulunganga nanini na.
- Kweli bali, lungu ngalinye losapho lunosuku olubi kuba bayaqulwa okanye baxhatshazwe.
- UTimeo unceda usapho lwakhe ngokubenza bathethe ngeengxaki zabo nangokubakhumbuza ukuba bonke banabantu abalungileyo ebomini babo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Ukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
44, 5	“Mamela nkosikazi,” watsho uTimeo ewakhetha amazwi akhe. “Abaxhaphazi bakho kuyo yonke indawo. Into onokuyenza wena kukungabahoyi ngamanye amaxesha. Zifumanele abahlobo nabantu abakuphatha kakuhle uchithe ixesha lakho nabo.”	Ndingenza unxulumaniso: abantu abanabubele kuEva noGloria bobabini. Bobabini baziva bekhathezekile ngenxa yeentetho zabantu ezikhohlakeleyo.
47, 3	“... La ndoda isathetha into enye ngam, ithetha izinto ezisisithuko kum, kodwa ezo zinto azisandikhathazi ngoku. Ndiyayazi ukuba ngoobani abahlobo bam. Andinakuze ndibe ngumhlobo nala ndoda nokuba ningandihlawula,” watsho.	UTimeo ukhe wajongana nokuxhatshazwa, kanye njengamanye amalungu osapho lwakhe. Ndicinga ukuba uhlanganisa usapho lwakhe ukuze banxibelelane, kunokuba bazive bengamalolo.

“Belunjani usuku lwakho esikolweni namhlanje?”
uTimeo wabuza intombi yakhe uEva njengoko
yayingena emnyango.

UEva wenyusa amagxa waza waphendula
ekhathazekile wathi, “Beluluhle.”

“Yintoni ingxaki?” wabuza uTimeo.

“Kukho intombazana echukelana nam ngamanye
amaxesha. Ithi sidudla xa indibiza. Ndisidudla mna
tata?” wabuza uEva.

“Mamela apha ke ntomb’ am,” watsho uTimeo
ekhetha amazwi akhe. “Abaxhaphazi bakho kuyo
yonke indawo. Into onokuyenza wena kukungabahoyi.”



“Bekunjani emsebenzini?” UTimeo wabuza inkosikazi yakhe uGloria njengoko yayingena emnyango.

UGloria wanikina intloko. “Bekukuhle nje,” waphendula ekhathazekile.

“Hayi bo, kwenzeke ntoni?” wabuza uTimeo.

“Kukho amakhosikazi athi andifanelanga kusebenza, mandigoduke ndiye kuhlala ekhaya. Kodwa sihleli apha iminyaka elishumi elinanye. Asilokhaya lethu eli?” wabuza uGloria.

“Mamela nkosikazi,” watsho uTimeo ewakhetha amazwi akhe. “Abaxhaphazi bakho kuyo yonke indawo. Into onokuyenza wena kukungabahoyi ngamanye amaxesha. Zifumanele abahlobo nabantu abakuphatha kakuhle uchithe ixesha lakho nabo.”



“Bekunjani ebholeni ngexesha lokuziqhelisa?”

UTimeo wabuza unyana wakhe uEmmanuel njengoko wayengena emnyango.

UEmmanuel wajikelezisa amehlo waza waphendula ekhathazekile wathi, “Bekulungile.”


“Kwenzeke ntoni?” wabuza uTimeo kunyana wakhe.

“Kukho lo mfana uthanda ukundigezela. Uthi andikwazi ukudribula okanye ukudlulisa ibhola. Ingaba ndingumdlali ongafanelekanga tata?” wabuza uEmmanuel kuyise.

“Mamela apha nyana,” watsho uTimeo ezama ukukhetha amazwi akhe, “Abaxhaphazi bakho kuyo yonke indawo. Abafuni kuhoywa ngamanye amaxesha. Zifunele abahlobo abakuphatha kakuhle.”



UTimeo wahlala esofeni wacinga nzulu ngosapho lwakhe. Wayekucaphukela ukubona amalungu osapho lwakhe engonwabanga ngenxa yabaxhaphazi. Wagqiba ekubeni abize intlanganiso yosapho.



UTimeo wenza amaqhashu waza wabizela usapho lwakhe ekhitshini. Bahlala bangqonga itafile. UGloria wayekhangeleka enexhala.

“Ingaba kukho into eyehlileyo?” wabuza exhalabile.

UTimeo wajikelezisa amehlo akhe etafileni ngokuzimisela. “Kukhe kubekho indoda enditsalisa nzima xa ndisiya eofisini yayo ndisiya kothula izinto. Ithi ayiyiqondi le nto yokuba ndivakala ngendlela eyahlukileyo xa ndithetha. Bendisoloko ndisithandabuza isakhono sam sesiNgesi. Kodwa ndithe ndanabahlobo umalume uThemba nomalume uZolani. La ndoda isathetha into enye ngam, ithetha izinto ezisisithuko kum, kodwa ezo zinto azisandikhathazi ngoku. Ndiyayazi ukuba ngoobani abahlobo bam. Andinakuze ndibe ngumhlobo nala ndoda nokuba ningandihlawula,” watsho.



UTimeo wabhekabheka wajonga amalungu osapho lwakhe. “Sonke sikhe saziva sinomoya ophantsi. Sonke sizive sinokuzithandabuza. Sonke sikhe saziva sixhatshazwa. Kodwa asisodwa. Singaxhasana sikhumbuzane ukuba asizozidudla, okanye abantu abeba imisebenzi, okanye abadlali abangazi nto, okanye abantu abamdaka,” watsho uTimeo.

Wancuma uEva.

Wancuma uGloria.


Wancuma uEmmanuel, waza wathi nkamfu amaqhashu ngesandla.



Ngemva kwemini elandelayo, uTimeo walinda uEva abuye esikolweni.

“Bekunjani esikolweni namhlanje?” wabuza.

“Bekungcono kancinci,” watsho uEva encumile.



UTimeo walinda uGloria abuye emsebenzini.

“Bekunjani emsebenzini namhlanje?” wabuza.

“Bekungcono kancinci,” waphendula uGloria encumile.




Ekugqibeleni kwafika uEmmanuel evela kwibhola ekhatywayo.

“Bekunjani namhlanje ebaleni?” wabuza.

“Bekunzima,” watsho uEmmanuel engatyhilekanga, “kodwa ndicinga ukuba kuza kuba ngcono.”



UTimeo wahlala esofeni, ekwezinzulu iingcinga ngosapho lwakhe. Wayesazi ukuba ingxaki ayikasombululeki, kodwa wayeziva onwabile kuba ekwazile ukunceda umntu ngamnye abe nosuku olungcono.





Ufundo 1

Ngubani oxhatshazwayo kweli bali?

Onke amalungu osapho (uEva, uGloria, uEmmanuel) ayaxhatshazwa.

Ubenzele ntoni uTimeo njengento yokuhambisa ixesha kwintlanganiso yosapho?

Wenze amaqhashu.

Kwakutheni ukuze uTimeo abize intlanganiso yosapho?

- Kuba onke amalungu osapho lwakhe ayenengxaki efanayo.
- Kuba wayecinga ukuba kungaluncedo kumntu ngamnye kusapho lwakhe ukwazi ukuba umntu akayedwa – azi ukuba abaxhaphazi banokuchaphazela wonke umntu.
- Kuba wayefuna ukuxhasa usapho lwakhe.
- Kuba wayefuna ukunceda usapho lwakhe luzive ngcono.
- Kuba wayefuna ukuxelela wonke umntu wosapho lwakhe ukuba naye ukhe axhatshazwe ngamanye amaxesha.



Ufundo 2

Ucinga ukuba maluyisombulule njani le ngxaki yokuzithandabuza usapho lwakhe, uTimeo?


- Ngokungabahoyi abaxhaphazi.
- Ngokuzifumanela abahlobo nabantu ababakhathalelayo bachithe ixesha nabo.

Ingaba uyakwazi ukudibanisa le meko neyakho? Wakhe waziva uxhatshazwa okanye ukhutyekisiwe?

Ndiyakwazi ukuyidibanisa le meko. Xa ndandisenziwa into yokuhlekisa/ ndixhatshazwa nda...

Kwakutheni ukuze uTimeo athathe isigqibo sokuxelela usapho lwakhe ngokuxhatshazwa kwakhe emsebenzini?

- Kuba wayefuna ukudibanisa iimeko zabo bonke.
- Kuba wayengafuni kubekho oziva eyedwa kumalungu osapho lwakhe.
- Kuba wayefuna ukubonisa usapho lwakhe ukuba isisombululo sakhe sasebenza ukumenza azive ngcono.
- Kuba wayefuna amalungu osapho lwakhe alinge isisombululo abanike sona.



IBALI 5

UBONGIWE UZIVA ENGAKHULULEKANGA

Umxholo: Imizimba yethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba kubalulekile ukuthetha xa umntu ekwenza uzive ungakhululekanga.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli libali elinobuzaza. Injongo yalo kukufundisa abantwana ukuba baxeleele abantu abadala abathembekileyo ukuba kukho mntu ubenza bazive bengakhululekanga.
- Kunganzima ukuba abantwana bathethe, ingakumbi ukuba bayamazi lo mntu ubenza bangakhululeki.
- Uninzi lwabantwana abaxhatshazwayo balinyazwa ngabantu ababaziyo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / Zibuze

- Yintoni: Ukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali. Ikwakunceda uqikelele okuza kwenzeka ebalini.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
58, 1	UAlulutho udade boBongiwe omdala wangena egumbini. “Yintoni Bongiwe?” wabuza. “Asiyonto,” waxoka watsho uBongiwe. UAlulutho wahlala ecaleni kwakhe. “Ndiyabona ukuba kukho okungalunganga,” watsho. “Ndixelele.”	Ndiyazibuza, kutheni uBongiwe esoyika ukuxelela udade wabo? Mhlawumbi unexhala lokuba iimvakalelo zakhe ziya kwenza abanye abantu bazive bekhathazekile okanye benomsindo.
65, 1	Akufika umalume uDumile akazange alinge ukuphuza okanye awange amantombazana. Wavela wathi, “Imini emnandi yeCawe kuwe Alulutho noBongiwe,” waza waphakamisa isandla bangqubanisa izandla zabo phezulu.	Ndiyazibuza, uBongiwe uziva njani ngoku? Unokuba uyabona ukuba iimvakalelo zakhe bezibalulekile.


UBongiwe wahlala phezu kwebhedi engazinzanga.
Umama wakhe wayemxelele ukuba umalume
uDumile uza kwisidlo sasemini ngeCawe. UBongiwe
wayengayithandi indlela awayemanga ngayo.
Wayengayithandi indlela awayemphuzza ngayo
emlonyeni.



UAlulutho udade boBongiwe omdala wangena egumbini. “Yintoni Bongiwe?” wabuza.

“Asiyonto,” waxoka watsho uBongiwe.

UAlulutho wahlala ecaleni kwakhe. “Ndiyabona ukuba kukho okungalunganga,” watsho. “Ndixelele.”



“Andiyithandi into yokuba umalume uDumile eze apha. Ndiziva... andikwazi kuchaza,” waphendula uBongiwe. “Kodwa ungaxeleli mntu. Andifuni kuqunjelwa ngumama.”

“Ndiyayazi indlela oziva ngayo. Andikuthandi ukuphuzwa nguye emlonyeni,” watsho uAlulutho. “Ndicinga ukuba masimxelele umama. Le nto ifuna ukuqatshelwa xa ubani esenza singaziva sikhululekile.”



“Hayi! Uza kuba nomsindo xa sithetha izinto ezingatshongo khona ngomnakwabo. Andifuni kumenza avuthe ngumsindo,” wacinga njalo uBongiwe.

“Ndiyayazi ukuba oku kuyoyikisa – kodwa kufanelekile! Mhlawumbi angasinceda sizive ngcono. Ukuba akunjalo, kodwa ke sakube simxelela sikunye,” watsho uAlulutho ebambe isandla sikaBongiwe.



UAlulutho noBongiwe bamfumana umama wabo epheka isidlo sasemini.

“Mama, sinqwenela ukuthetha nawe,” watsho uAlulutho ngokukhalipha.

Waza ke uAlulutho wamchazela umama wakhe ukuba umalume uDumile ubenza bazive bengakhululekanga.




Umama watsala umoya ezantsi. UBongiwe wayeqinisekile ukuba uza kungxola. “Ndiyavuya nindixelele oku. Akufuneki niyigcine iyimfihlo into yokuba kukho umntu onenza nizive ningakhululekanga. Yimvakalelo ebalulekileyo leyo efanele ukuthathelwa ingqalelo. Ndiza kuthetha naye. Enye into, Alulutho, andifuni ukuba wena okanye uBongiwe niphinde nibe nodwa kunye naye,” watsho umama ebonakala ecinga nzulu. “kufuneka nisoloko ninobabini xa nikunye nomalume uDumile.”



UBongiwe noAlulutho baphuma phandle baya kudlala. UBongiwe wathi akujonga ngasekhitshini wabona umama wakhe ethetha efowunini. UBongiwe wayenexhala ngento eyayiza kuthethwa ngumama wakhe kumalume uDumile. Wayesazi ukuba akufunekanga amamele kodwa wayengakwazi ukuzibamba. Wabaleka waya kuhlala phantsi kwefestile yasekhitshini.



“Dumile,” watsho umama wakhe ngelizwi elingqwabalala, “amantombazana aziva engakhululekanga xa kukho umntu oyindoda ongengotata wabo obaphuzayo abange. Ndincede ke ndiyakucela hlonipha iimvakelelo zawo, betha nje isandla sabo xa uwabulisa.”



Akufika umalume uDumile akazange alinge ukuphuza okanye awange amantombazana. Wavela wathi, “Imini emnandi yeCawe kuwe Alulutho noBongiwe,” waza waphakamisa isandla bangqubanisa izandla zabo phezulu.





Ufundo 1

Ngubani owenza uBongiwe azive engakhululekanga?

Umalume uDumile umenza azive engakhululekanga.

Uxelela bani uBongiwe ukuba uziva engakhululekanga?

Uxelela udade wabo uAlulutho.

Kutheni uBongiwe wayengafuni kuxelela mntu ngeemvakalelo zakhe?

- Kuba wayenexhala lokuba iimvakalelo zakhe azilunganga.
- Kuba wayenexhala lokuba akukho mntu uza kuziqonda iimvakalelo zakhe.
- Kuba wayenexhala lokuba umama wakhe uza kuba nomsindo.



Ufundo 2

Yintoni emenza uBongiwe angakhululeki?

Yindlela umalume uDumile amanga namphuza ngayo.

Bekutheni ukuze uBongiwe aye kuhlala phantsi kwefestile yasekhithshini?

- Ukuze eve umama wakhe xa ethetha efowunini.
- Ukuze eve into eza kuthethwa ngumama wakhe kumalume uDumile.

Ucinga ukuba uBongiwe waziva njani ekupheleni kwebali? Ngoba kutheni?

- Ndicinga ukuba uBongiwe uza kuba nombulelo kuba udade wabo emncede wathetha ngeemvakalelo zakhe.
- Ndicinga ukuba uBongiwe waziva ekhululekile kukuba umama wakhe ethethe nomalume wakhe.

IBALI 6

IMINI EMBI

KAZAMA

Umxholo: Imizimba yethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ukuhlomla ngemizimba yabantu kungabenza bazive bengakhululekanga.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ukuthetha ngemizimba yabantu kungabenza bazive bengakhululekanga.
- Abantwana basoloko beqhulwa ngendlela abajongongeka ngayo – ngabantwana nabantu abadala. Obu ayibobubele!
- Ukuba umntu wenza umntwana azive engakhululekanga, kubalulekile ukuba umntwana axelele umntu othembakeleyo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
69, 2	UZama wabuva ubuso bakhe busiba shushu. Wayengazazi nokuba makaphendule athini.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uZama ukhathazekile kuba amazwi athi wabuva ubuso busiba shushu – kunye nasemfanekisweni, akabonakali onwabile konke konke!
72, 1	Yaguquka ke ngoko imvakalo yelizwi lakhe, “Okwesibini, le nto ayamkelekanga kwaphela. Akukho mntu mdala unelungelo lokuhlomla ngendlela isiqu sakho esikhangeleka ngayo. Ndiyaxolisa kwenzeke oko. Ndiza kuya kudibana nenqununu ngomso.”	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba umama kaZama ukhathazekile. Uvakala eqinisekile kwaye uthi uza kuthetha nenqununu ngento eyenzekileyo.

UZama wayechwayitile kukubuyela esikolweni emva kweeholide. Kodwa wathi njengoko esuka emigceni esiya eklasini, omnye wootitshala bakhe uMnu. Mavuso wamkhwaza wathi, “Yhu Zama, unyukile esiqwini! Uyazibona utyebile?”

UZama wabuva ubuso bakhe busiba shushu. Wayengazazi nokuba makaphendule athini.





Imini yonke uZama wayezigadile. Wanxiba ijezi yakhe noxa kwakushushu kakhulu eklasini. “Mhlawumbi iya kuwufihla umzimba wam,” wacinga njalo.

Akufika utata wakhe esikolweni eze kumlanda, uZama waziphosa kwisitulo sangasemva emotweni.

“Yintoni ingxaki Zama?” wabuza utata kaZama.

“Andifuni kuthetha ngayo,” waphendulela ezantsi uZama.

Kamva ngokuhlwa, ukubuya kukamama kaZama emsebenzini, wankqonkqoza egumbini lokulala likaZama. “Ibinjani imini yakho esikolweni?” wabuza.

“UMnu. Mavuso uthe ndinyukile esiqwini. Uye wathi ndityebile,” watsho uZama. “Ingaba ndityebe nyani?” wabuza uZama.

“Mamela, into yokuqala yile, yonke imizimba mihle kwaye iyabukeka,” waphendula watsho umama kaZama ngelizwi elithambileyo. “Umhle, nokuba ubunzima besiqu sakho bungakanani.”





Yaguquka ke ngoko imvakalo yelizwi lakhe, “Okwesibini, le nto ayamkelekanga kwaphela. Akukho mntu mdala unelungelo lokuhlomla ngendlela isiqu sakho esikhangeleka ngayo. Ndiyaxolisa kwenzeke oko. Ndiza kuya kudibana nenqununu ngomso.”

“Hayi mama! Uza kucinga ntoni uMnu. Mavuso? Uza kundicaphukela!” wakhala watsho uZama.

“Zama, asizi kuyiyeka le nto. Ibingamele ukuba yenzekile kuwe, kwaye akufuneki yenzeke kwakhona nakowuphi na umfundi esikolweni sakho,” watsho umama wakhe ngelizwi elingqwabalala.

Ebusuku uZama weva abazali bakhe bethetha njengoko babengqengqile.

“Ayindiphathi kakuhle le ndaba yetitshala ethethe noZama ngolwa hlobo, andiqondi ukuba kufanelekile ukuba enze imihlomlo ngomzimba wakhe,” watsho umama kaZama.

“Akukho mntu ufanele ukuba wenza uZama angaphatheki kakuhle esikolweni – ngakumbi utitshala wakhe!” wavakala engqina esitsho utata kaZama.



Ngobo busuku uZama walala ebhedini yakhe enexhala ngokuza kwenzeka xa umama wakhe ethethe noNqununu Nyeko.





Ngemva kwemini elandelayo uZama walandwa ngabazali bakhe bobabini. UZama wadlala phandle ngeli xesha abazali bakhe bengene eofisini yenqununu. UZama wazama ukumilisela ingqondo yakhe emdlalweni wecekwa, kodwa wamana elibala ukuba ngubani “odlalayo”. Kuphela wayecinga ngokwakuthethwa eofisini yenqununu.

Ekugqibeleni wabizwa ngumama wakhe. UZama wabamba isandla sikamama wakhe njengoko babengena eofisini kaNqununu uNyeko.

“Zama, ndiyaxolisa ngokuthetha ngolwa hlobo ngomzimba wakho ndikwenza ungaziva kakuhle,” watsho uMnu. Mavuso. “Andikhange ndiqonde ukuba oko kuya kukukhathaza, kodwa ngoku ndiyabona ukuba ayilunganga loo nto. Yonke imizimba ilungile kwaye iyathandeka, mna bendingafanele kugweba imbonakalo yomzimba onyukileyo, nokuba ngokabani na.”




Emva kokuba uMnu. Mavuso ephumile egumbini, uNqununu Nyeko wajonga kuZama ngobuso oburhwaqeleyo. “Zama, akukho namnye ofanele ukuba athethe ngomzimba wakho. Ndiyabulela ngokuzisa lo mba ngaphambili,” watsho.

UZama wayenexhala lokudibana noMnu. Mavuso ngosuku olulandelayo, noxa wayesazi ukuba wenze into efanelekileyo.



Ngosuku olulandelayo emigceni, uNqununu Nyeko wathetha nesikolo sonke ngokuba nobuntu nokuhlonipha. “Sidalwe sanokumila nobungakanani obahlukileyo, kwaye imo nganye nobungakanani ngabunye bulungile bukwafanelekile apha,” wacacisa njalo.

UTasneem waguquka wajonga kuZama, “Ndiyabulela ngokuba ube nesibindi wakwazi ukuthetha. Ndiyathemba umnumzana akasayi kuphinda azithethe izinto ezinjalo kwakhona.”





Ufundo 1

Ngubani owathi kuZama utyebile?

UMnu. Mavuso wathi kuZama utyebe nyani.

Waziva njani uZama akuhlomhla ngobunzima bakhe uMnu. Mavuso?

Wakhathazeka / akazange azive kakuhle / waziqaphela / waba neentloni njl.njl.

Kwakutheni ukuze uZama anxibe ijezi imini yonke esikolweni nangona wayeshushu?

- Kuba uMnu. Mavuso wathi utyebile.
- Kuba wayengaziva kakuhle ngenxa yokuba uMnu. Mavuso ehlomle ngenkangeleko gomzimba wakhe.
- Kuba wayengafuni ukuba kubekho omnye owujonga ngeliso eligwebayo umzimba wakhe.
- Kuba uMnu. Mavuso wamenza waziva kakubi ngomzimba wakhe.



Ufundo 2

Ngowuphi lo mdlalo wawudlalwa nguZama ngelixa abazali bakhe babeseofisini?

Wayedlala icekwa nabahlobo bakhe.

Kwakutheni ukuze uZama angakwazi ukumilisela ingqondo emdlalweni wecekwa?

- Kuba wayenexhala lokwakuqhubeka phakathi eofisini.
- Kuba wayenexhala kakhulu engakwazi kumilisela ingqondo emdlalweni.

Kwakutheni ukuze abazali bakaZama bathethe noNqununu Nyeko?

- Kuba uMnu. Mavuso wathi uZama utyebile, waze waziva ekhathazekile.
- Kuba abazali bakaZama babebona ukuba uZama ukhathazekile kakhulu yinto ethethwe nguMnu. Mavuso.
- Kuba abazali bakaZama babekhathazekile kuba uMnu. Mavuso emenze uZama waziva kakubi.
- Kuba umama kaZama wayeziva engaphathekanga kakuhle. Wayecinga ukuba ititshala yayingafanelanga ukuhlomla ngolo hlobo ngemizimba yabafundi.
- Kuba babengafuni ukuba kubekho mntu wenza uZama azive engaphathekanga kakuhle esikolweni.
- Kuba abazali bakaZama bayamthanda kwaye bafuna ukumkhusela.
- Kuba yonke imizimba ilungile, kwaye akukho mntu kufuneka ahlomhle ngobunzima bethu.



IBALI 7

IDAYARI KAMANDU EYIMFIHLO

Umxholo: Sisombulula iminqa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi ukuba bafunde ngokubanzi ngokusebenzisa imikhondo ukusombulula umnqa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umnqa yinto engaziwayo okanye engachazwanga ekwenza ube nomdla wokwazi — ingxaki okanye umbuzo ofuna impendulo. Cinga ngayo njengaxa ungafumani into yakho yokudlala: “Iye phi into yam yokudlala?” Ngumnqa lowo.
- Imikhondo ngamasuntswana eenkcukacha eziluncedo ezisikhokelela kwimpendulo. Yimiqondiso esinokuyiqaphela esixelela ibali.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Ukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
85, 5	“Ndiqinisekile ukuba ngumnakwethu omncinci,” watsho uMandu. “UThabo wasoloko eneminyaka emdaka emva kokudlala phandle!”	Ndingenza unxulumaniso emapoliseni. UAnna noMandu bakhangelela imikhondo ukusombulula ulwaphulomthetho – kanye njengamapolisa.
87, 1	“Jonga ezi nwele zimhlophe!” uMandu watsho ebambe unwele olufutshane olumhlophe. “Esi sisikhokelo esibalulekileyo,” watsho. “Umntu oneenwele ezimhlophe nguye ofanele ukuba ufunde idayari yam.”	UAnna noMandu baqokelela imikhondo ukufumanisa ukuba ngubani na ofunde idayari, kanye njengoko amapolisa eqokelela ubungqina ukusombulula ulwaphulomthetho.

UMandu wayekuthanda ukubhala. Wayekuthanda ngakumbi ukubhala kwidayari yakhe eyodwa. Yonke imihla wayebhala phantsi konke akwenze ngosuku.

Wayebhala phantsi nezona mfihlo zakhe. Ukubhala kwakumnceda ukuphumza intloko exineneyo. Kwakumnceda azive enomoya okhululekileyo. Kwakumnceda azive onwabile.





UMandu wayengafuni kubekho mntu ufunda iimfihlo zakhe zabucala, ngoko ke wayesazi ukuba udinga indawo efihlakeleyo nyani yokugcina idayari yakhe.

Wabhekabheka egumbini lakhe lokulala wacinga ngeyona ndawo ikhuselekileyo yedayari yakhe. Ekugqibeleni wagqiba ekubeni ayifihle phantsi kwebhedi. “Akukho mntu uya kuze ayibhaqe apha,” wacinga njalo.

Kodwa ngenye invakwemini, xa uMandu nomhlobo wakhe uAnna bebuya esikolweni, uMandu wayifumana idayari yakhe ilele phantsi emgangathweni ivuliwe. Bafudumala ubuso bakhe. Intliziyo yakhe yabetha ngamandla.

“Thiza! Jonga Anna! Kukho umntu obefunda idayari yam!” wakhwaza watsho.

“Singamfumanisa ukuba ngubani,” watsho uAnna epholile. “Siza kuba ngabecuphi bedayari.”

UMandu noAnna bayihlola idayari.

“Jonga ezi mpawu zeminwe zimdaka,” watsho uAnna. “Lo ngumkhondo omhle! Ngubani ocinga ngaye oneminwe emdaka?”

“Ndiqinisekile ukuba ngumnakwethu omncinci,” watsho uMandu. “UTHabo wasoloko eneminywe emdaka emva kokudlala phandle!”

“Masihambe siye kumfuna. Kufuneka simbuze imibuzo ukuze sibone ukuba nguye,” watsho uAnna.



UMandu waba nomfanekiso-ngqondweni kaThabo efunda ngeemfihlo zakhe. Kodwa wabuya wakhumbula ukuba umnakwabo wayeneminyaka emihlanu kuphela. Wayengekakwazi ukufunda.

“Yima! Angekhe ibe nguye! Akakwazi ukufunda,” watsho uMandu ehleka.

“Masikhangele ezinye izikhokelo,” wacebisa uAnna.

UMandu wahlola idayari iphepha ngephepha.





“Jonga ezi nwele zimhlophe!” uMandu watsho ebambe unwele olufutshane olumhlophe. “Esi sisikhokelo esibalulekileyo,” watsho.

“Umntu oneenwele ezimhlophe nguye ofanele ukuba ufunde idayari yam. Wonke umntu kusapho lwam uneenwele ezimnyama. Ngoko ke ingangubani? Ngubani endimaziyo oneenwele ezimhlophe?” wabuza ejonga iinwele zika-Anna ekrokra.

“Ayindim, ndiyakuthembisa,” watsho uAnna. “Okunye, lufutshane kakhulu olo nwele. Ezam iinwele zinde.”



“Kufuneka sibeke isabatha ukuze sibone ukuba singambamba na umfundi wedayari,” watsho uMandu. UMandu wabuyisela idayari yakhe phantsi kwebhedi yakhe. Waza wafafaza umgubo wombona emgangathweni ecaleni kwebhedi yakhe.

“Ukuba kukho umntu osondela kwidayari yam siza kufumana imizila yeenyawo emgubeni,” uMandu wacacisa.

Zaza iintombi zazimela ekusitheleni ekoneni zalinda.
Emva kwemizuzu embalwa beva isandi esikrwelayo
siphuma egumbini lokulala.



Babaleka babuyela egumbini likaMandu.

“Sikufumene!” wakhwaza watsho uAnna. Kodwa kwakungekho mntu apho! Kungekho mntu ngaphandle kwenja kaMandu, uZola. Umgangatho wawuzele imibhalo yeempuphu ezinomgubo. Impumlo kaZola yayikwidayari kaMandu!

UMandu wahleka. “Ifanele ukuba buboya bukaZola obumhlophe obukwidayari!”

“Uyageza uZola,” watsho uAnna. “Kuza kufuneka ufumane indawo yokufihla engcono.”

“Unyanisile” watsho uMandu. “Kodwa ndakuyifuna mva – kufuneka ibe yimfihlo, nkqu nakuwe.”





Ufundo 1

Zigintoni izikhokelo ezafunyanwa nguMandu noAnna?

Bafumana imizila yeminwe emdaka, bafumana unwele olumhlophe, baza ekugqibeleni bafumana iimpawu zeentupha ezinomgubo.

Ngubani kanye “owafunda” idayari kaMandu?

Yinja yakhe.

Kwakutheni ukuze uMandu acinge ukuba idayari yakhe ifundwe nguAnna?

- Kuba wafumana iinwele ezimhlophe.
- Kuba kusapho lwakhe akukho mntu uneenwele ezimhlophe.
- Mhlawumbi kuba uAnna wayefuna ngamandla ukunceda. Kuyakrokrisa oko.



Ufundo 2

Wayekrokrela bani uMandu?

Wayekrokrela umnakwabo omncinci noAnna.

Bafumanisa njani uMandu noAnna ukuba ngubani ofunde idayari?

Bakhangela izikhokelo baza benza isabatha.

Kwakutheni ukuze uMandu adinge indawo engcono yokufihla idayari yakhe?

- Kuba idayari idalelwe ukuba yimfihlo.
- Kubainja yakhe uZola yayifumana ngokulula idayari yakhe.
- Kuba uAnna uyayazi ukuba ifihlwe phi, ngoko ke ayiseyondawo yokufihla iyimfihlo leyo.



IBALI 8

UNDIZE



Umxholo: Sisombulula iminqa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi ukuba baqonde ngcono ukuba yintoni na umnqa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Buza abafundi ukuba bakhe bawudlala na lo mdlalo: Undize.
- Hlaziya imithetho: omnye umntu uyabala elixa abanye bezimela; emva koko lo mntu ebebala makakhangele bonke abanye.
- Ukuba umdlali uzimele kakuhle kwaye kunzima ukumfumana, apho azimele khona kungumnqa.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
101, 1	“Abakhange bandibhaqe,” uSiviwe wacinga njalo egigitheka emgqomeni.	Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uSive uneyona ndawo ilungileyo yokuzimela, kuba akukho mntu wamfumanayo – kwaye badlala isihlandlo sesibini somdlalo!
106, 7	Bakhangela kuzo zonke iindawo zabo zokuzimela zesiqhelo kodwa wayengabonakali ndawo.	Ngumnqa! Abazi ukuba uSive unokuba uphi na! Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba oku kokokuqala umntu ezimela emgqomeni, kuba akukho namnye ucinga ngokukhangela apho.

Ngenye imvakwemini yehlobo eyayishushu kamnandi, abantwana baseMhlahlane eTsomo bagqiba ukuba badlale undize.


“Mna ndiza kubala,” waziphakamisa ezonyula uLungi. Waqalisa ukubala ekhwaza, “1-2-3-4-5 ...”

Bathi saa abantwana babaleka besiya kukhangela iindawo zabo ezingcono zokuzimela.



ULumka wabaleka waya kuthi tshwaa ngaphaya kwamatyholo. Warhubuluza wangena phantsi kwawo.

UAvela wabona imbinana yemithi. Wazicutha kangangoko ezama ukuzifihla emva kowona mthi wawumde.





UNtsikelelo wabaleka
wehlisa indlela waza
wafumana umsele
ecaleni kwendlela.
Wathi tshwaa kuwo
wacambalala ejubalaza.

UHlobisa yena wabaleka
waya kwilitye elikhulu.
Wathi ncwaba phantsi
wazimela emva kwalo.



Umakhulu uNkomo wayenomgqomo omkhulu phandle waza wancedisa uSiviwe wamphakamisa wamfaka kuwo emzimelisa. “Ungaze usibeke isiciko somgqomo xa uzimele phakathi kuwo, yingozi embi leyo,” wamyala njalo umakhulu uNkomo waza wasibeka isiciko phantsi ecaleni kwawo wangena phakathi.



“Nilungile ningalunganga, ndiyeza!” wakhwaza watsho uLungi.

Wabaleka waya ngqo ematyholweni uLungi.

“Ndikubhaqile!” watsho ekhomba uLumka.

ULungi noLumka bagqotsa kunye ukuya emithini.

“Sikubhaqile!” batsho bekhomba uAvela.

ULungi, uLumka noAvela babaleka behla ngendlela de babona ihempe ebomvu kaNtsikelelo emseleni.

“Sikubhaqile!” batsho bekhwaza uNtsikelelo.

ULungi, uLumka, uAvela noNtsikelelo basondela elityeni elikhulu. Bamva uHlobisa ekhohlela ngapha kwalo. “Nawe ubhaqiwe!” bahleka batsho bekhomba uHlobisa.

USiviwe wayesahleli emgqomeni.



“Masiqalele kwakhona sidlale,” watsho uLumka, elibele shici ngoSiviwe.

Waqalisa ukubala ekhwaza, “1-2-3-4-5 ...”

UAvela, uNtsikelelo uHlobisa noLungi bathi saa babaleka besiya kufuna iindawo ezintsha zokuzimela.



“Abakhange bandibhaqe,” uSiviwe wacinga njalo egigitheka emgqomeni.



UAvela wabalekela kwimoto endala erusileyo. Warhubuluza wangena phantsi kwayo.


UNtsikelelo wagqotsa ukuya kwindlu ekufutshane. Wema kufutshane nodonga emva kwendlu.



UHlobisa wabaleka wehla indlela waza wafumana
imfumba yenkunkuma. Walala phantsi emva kwayo.

ULungi wabalekela ngasesangweni. Waguqa
ngamadolo waza wehlisa umzimba ongentla wazimela
emva kwalo.

USiviwe waba ngathi uyehla phakathi
emgqomeni.



“Nilungile ningalunganga, ndiyeza!” wakhwaza njalo uLumka.

ULumka wabaleka waya kwimoto endala.

“Ndikubhaqile!” wakhwaza watsho echophe ecaleni kwemoto efake intloko ngaphantsi.

ULumka noAvela bagqotsa ukuya kwindlu ekufutshane. “Sikubhaqile!” batsho, bekhwaza uNtsikelelo.

ULumka, uAvela noNtsikelelo babaleka behla ngendlela bada beva uHlobisa ekhohlela. “Sikubhaqile!” batsho, behleka kunye.

ULumka, uAvela, uNtsikelelo noHlobisa bagqotsa baya esangweni. Bazibona izihlangu zikaLungi eziluhlaza okwesibhakabhaka. “Sikubhaqile!” bahleka bekhomba iinyawo zikaLungi.

USiviwe wayesahleli emgqomeni elele obentlombe!



“Masidlale umjikelo ube mnye,” watsho uAvela.

“Ndiza kubala,” uAvela waziphakamisa.

Badlala umjikelo emva komjikelo bebala, bazimele
lade lathambeka ilanga.



“Masigoduke phambi kokuba kube mnyama,” watsho uNtsikelelo. “Masihambe Siviwe,” watsho elaqaza ekhangela umninawa wakhe. Kwakungelo xesha kanye awathi waqonda ngalo ukuba uSiviwe akakhange abonakale phantse lonke eli xesha lemini!

ULumka wabaleka waya kungena ematyholweni. Akekho uSiviwe.

UAvela wagqotsa ukuya emithini. Wayengekho uSiviwe.

UNtsikelelo wabaleka wehlisa indlela wabona umsele. Wayengekho nalapho uSiviwe.

UHlobisa wabaleka waya kujonga ngaphaya kwelitye elikhulu. Wayengekho uSiviwe.


ULungi wabaleka waya esangweni. Wayengekho uSiviwe.

Bakhangela kuzo zonke iindawo zabo zokuzimela zesiqhelo kodwa wayengabonakali ndawo.

Abahlobo babiza igama lakhe bakhwaza. “Siviwe! Uphi?” batsho beqinisa ukukhwaza.

Ekugqibeleni imikhwazo yabo yafikelela kuSiviwe ephakathi emgqomeni. Waphakama, kodwa wayemfutshane ukuba angafikelela phezulu emgqomeni aphume.

“Ndilapha! Ndilapha!” wakhwaza watsho uSiviwe.



Aba bahlobo baphephetheka ukuya ngakwelo cala wayekhwaza kulo uSiviwe.

UNtsikelelo wangenisa isandla phakathi emgqomeni waza watsalela umninawa wakhe ngaphandle. “Ndiphumelele!” watsho uSiviwe. Bahleka kunye bonke.





Ufundo 1

Wazimela phi uSiviwe?

Wazimela phakathi emgqomeni.

Wangena njani uSiviwe phakathi emgqomeni?

Umakhulu uNkomo wamncedisa wangena phakathi / Wamfunqula wamfaka emgqomeni.

Kwakutheni ukuze uSiviwe achithe imini yonke emgqomeni?

- Kuba akukho mntu wathi wambhaqa.
- Kuba wafumana eyona ndawo yokuzimela ingcono kunazo zonke.
- Kuba akukho mntu weza emgqomeni waza wambhaqa.
- Kuba abahlobo bakhe babonwabile abazange baqonde ukuba uSiviwe akekho.
- Kuba wabiwa bubuthongo walala ephakathi emgqomeni.



Ufundo 2

Ngubani owaphakamisa igama lakhe ukuze abale kuqala?


ULungi waziphakamisa njengomntu oza kubala kuqala.

Sazi njani ukuba uSiviwe wafumana eyona ndawo yokuzimela ingcono kunazo zonke?

- Kuba akukho mntu wambhaqayo imini yonke.
- Kuba wawuphumelela umdlalo.

Singaziqondela njani ngokulandela ibali sithi abantwana babekonwabele ukudlala undize?

- Kuba badlala umjikele emva komnye.
- Kuba badlala de kwarhatyela.
- Kuba babexakekile bedlala abazange baqaphela ukuba omnye wabahlobo babo unyamalele.





IKOTA 2



IMEPHU YOMZANTSI AFRIKA



UBuhle
usebenzisa
izikrini

UMntla Koloni




INTshona Koloni



ULitha
eqongeni

ULwandlekazi
lweAtlantiki



ILimpopo

IMpumalanga

IGauteng

**UMntla
Ntshona**

IFreyistata

**IKwaZulu-
Natal**

**ULwandlekazi
IweIndiya**

IMpuma Koloni



Ibrashi
yokuzoba
ngepeyinti



Ukhuselekile
Bongiwe!



UBantu
uziva
elusizi



UZandile
usebenzisa
i-intanethi



UVusi
nomandlalo
womlambo



Unyana
osisilumko



IKOTA 2 AMABALI



1. ULitha eqongeni

115



2. UBantu uziva elusizi

129



3. UZandile usebenzisa i-intanethi

143



4. UBuhle usebenzisa izikrini

157



5. Ukhuselekile Bongiwe!

173



6. UVusi nomandlalo womlambo

187



7. Ibrashi yokuzoba ngepeyinti

203



8. Unyana osisilumko

217

IBALI 1

ULITHA

EQONGENI

Umxholo: Siyavakalelwa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba kuqhelekile ukuziva unemincili kwaye ube novalo xa uzama into entsha. Libonisa abafundi ukuba bayaziqhelanisa, bakhaliqhile, kwaye basoloko bezama, bangaziva benokuzithemba ngakumbi kwaye bafikelele kwiinjongo zabo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umdlalo wesikolo kuxa abantwana belinganisa ibali eqongeni, phambi kwabanye abantu. Kukho abalinganiswa, impahla kunye nababukeli.
- Uphicotho kukulingwa. Abafundi bathetha imigca okanye balinganise ukubonisa ukuba balungele indawo emdlalweni.
- Abadlali baziqhelanisa nemigca kunye nembonakalo yobuso amaxesha amaninzi phambi komboniso wokwenene. Ukuziqeqesha kubanceda bazive belungile.
- Ngamanye amaxesha singanengxubevange yeemvakalelo ngento ethile. Oku kuthetha ukuthi singeva iimvakalelo ezahlukeyo ngexesha elinye. Oko kuqhelekile, ingakumbi phambi kwento ebalulekileyo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo


- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
125, 1	Akukhwela eqongeni okokuqala uLitha, ilizwi lakhe lalingcangcazela. Izandla zakhe zazingcangcazela nazo.	Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba uLitha wayenovalo xa wayeqala ukukhwela eqongeni, ilizwi lakhe lalingcangcazela nezandla zakhe zazingcangcazela.
125, 1	Wathetha umgca wakhe wokuqala. Wawukhumbula. Wathetha umgca wakhe wesibini. Laqala ngoku lathotha ixhala kuLitha waphola. Waziva enokuzithemba. Ilizwi lakhe lalivakala liqinisekile ngakumbi. Izandla zakhululeka zayeka ukungcangcazela.	Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba xa uLitha ekhumbula imigca yakhe yokuqala emibini, waqaphela ukuba unako ukuyenza! Yiloo nto eyamnceda waziva enokuzithemba ngakumbi.

ULitha wayenephupha lokuba ngumdlali weqonga. Namhlanje, uLitha wayefumene ithuba lakhe lokuqala lodumo. Yayiluphicotho lwabadlali beqonga esikolweni. ULitha wayeyicengcelezele imigca yakhe ngengqondo. Waziqhelisa ukubonisa imvakalelo ngobuso esipilini, ukuze abonakale onwabile okanye ekhathazekile kwiindawo ezifanelekileyo. Wayeziva ekulungele oku wayeza kukwenza. Kodwa wathi njengoko elindele ithuba lakhe ukuze akhwele eqongeni, saxuxuzela isisu sakhe.



Emva kophicotho, uNkskz Tsiki wamchazela ukuba uluhlu lweendima nabalinganiswa luya kuxhonywa phandle eholweni kusasa ngengomso. ULitha waziva eqinisekile ukuba wenze umsebenzi omhle kuphicotho. Kodwa, wayenexhala lokuba angaziva edanile ukuba uziva ngolo hlobo aze angayifumani indima. Akazange akwazi ukulala ngobo busuku ngenxa yemincili nexhala.



Akufika esikolweni uLitha, wabaleka waya eholweni.
Nalo igama lakhe! Ephepheni! Wayenikwe kanye
indima awayeyinqwenela.



Wabaleka waya kubahlobo bakhe. Ngelishwa kwakusekusasa kakhulu bengekafiki abanye. Wayengathi uza kugqabhuka luvuyo nokufuna ukuphalaza ezi ndaba. Ekugqibeleni wathi akubona uAndrew esiza engena kwisango lesikolo, wakhwaza emxelela ekude.



Iiveki ngeeveki uLitha waya kulingisa kumdlalo weqonga ukuphuma kwesikolo. Wacengceleza imigca ekwakufuneka eyithethile. Waziqhelisa ukubonisa invakalelo ebusweni ngokuzijonga esipilini, ukuze akhangeleke onwabile okanye ekhathazekile kuzo zonke iindawo ekufuneka enze njalo kuzo. Ngosuku oluphambi kwendibano enkulu yesikolo waziva eyilungele indima yakhe. Wayengxamele ukuba seqongeni phambi kwababukeli.




Ngobusuku obuphambi kwendibano, uLitha wangqengqa ebhedini ecinga ngabanye abantwana abaza kunqwenela ukuba nguye ngenxa yobuchule awayenabo njengomdlali weqonga. Wacinga ngendlela awayeza kuqhwyatyelwa izandla ngayo ngabanye abantwana ngenxa yomsebenzi omhle ongenasiphene. Kodwa, wayenexhala lokuba mhlawumbi angazonakalisa izinto xa enokucinga ngolo hlobo. Akazange akwazi ukulala ngobo busuku ngenxa yemincili nexhala.



Ngosuku olulandelayo, uLitha walinda ithuba lakhe lokukhwela eqongeni. Wathi njengoko ekroba abo babukeli babezalise iholo, waziva esitsha ziintambo – wayeza kufumana udumo esikolweni! Kodwa ngaxeshanye wayefuna ukubaleka emke ngoku. Wabila akucinga ngokukhumbula imigca yakhe yonke.



ULitha wasezela umoya watsala kakhulu waphefumla
njengoko wayengena eqongeni.



Akukhwela eqongeni okokuqala uLitha, ilizwi lakhe lalingcangcazela. Izandla zakhe zazingcangcazela nazo. Wathetha umgca wakhe wokuqala. Wawukhumbula. Wathetha umgca wakhe wesibini. Laqala ngoku lathotha ixhala kuLitha waphola. Waziva enokuzithemba. Ilizwi lakhe lalivakala liqinisekile ngakumbi. Izandla zakhululeka zayeka ukungcangcazela.



Ekupheleni komdlalo weqonga, uLitha wema kunye nabanye abadlali beqonga embindini weqonga bagoba benika imbeko nombulelo. Waphulaphula imikhwazo nemiyiyizelo. Wayezele olukaBlankethe. Wayeziva enokuziqhayisa. Yayingathi alifiki ithuba lomdlalo olandelayo. Wayeziva ngathi onke amaphupha akhe angazaliseka!





Funda 1

Zeziphi iimvakalelo ezahlukileyo awayenazo uLitha kweli bali?

Wayechwayitile, wayenexhala, wayexhalabile, wayekhathazekile, wayenokuziqhayisa, njl. njl.

Ungathanda ukuba seqongeni njengoLitha?

- Ndingakuthanda ukuba seqongeni kuba...
- Andingekuthandi ukuba seqongeni kuba...

Cinga ngexesha owazama ngalo into entsha. Waziva njani ngaphambili, ngexesha uyenza nasemva kwayo?

Ndaziva...



Funda 2

Yintoni enokusenza sizithathele isigqibo xa silandela ibali sithi uLitha wayenexhala?

- Kuba waxuxuzelelwa sisisu.
- Kuba wayengakwazi ukulala.
- Kuba waziva efuna ukubaleka emke eqongeni.
- Kuba wayebila.

Ingaba wakhe waziva uneemvakalelo ezingaphezu kwenye ngexesha elinye?

Ndaziva ndi...ndikwa...xa...

Kwakutheni ukuze uLitha azive echwayitile ekwanexhala ngaxeshanye?

- Kuba wayeqala ukuba kumdlalo weqonga.
- Kuba wayefuna kakhulu ukuba kumdlalo weqonga, kodwa kuyoyikisa ukuzama into entsha / ukwenza into okokuqala.
- Kuba wayenemincili ngokuqhuba kakuhle kodwa enexhala lokuba angenza kakubi.



IBALI 2

UBANTU UZIVA ELUSIZI

Umxholo: Siyavakalelwa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba xa umntu eziva ekhathazekile, ingakumbi emva kokulahlekelwa ngumntu amthandayo, ezona ndlela zingcono ukunceda kukubonakalisa ububele, ukuthi, “Ndicela uxolo” kwaye ubekho ulungele ukumamela.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho


- Xa umntu esweleka, imizimba yabo iyayeka ukusebenza kwaye abanakubuya babuye. Abantu ebebathanda basoloko beziva bekhathazekile.
- Usizi ligama lokukhathazeka okunzulu esikuva xa umntu esimthandayo esweleka.
- Abantu babonisa ukukhathazeka ngeendlela ezahlukileyo. Abanye abantu bayalila. Abanye abantu bathule kakhulu. Abanye abantu balala kakhulu. Abanye basenokungancumi ixesha elide.
- Xa umhlobo ekhathazekile, akusoloko kufuneka ukuba sibathuthuzele. Ngamanye amaxesha eyona nto ilungileyo sinokuyenza kukuthi, “Uxolo” size sihlale nabo ngeli lixa beziva bekhathazekile. Oku kunganceda umntu azive engeyedwa, nkqu nokuba baziva bekhathazekile.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
133. 1	“Mhlawumbi ndingamenza ahleke uBantu xa ndinokumenzela zonke iziqhulo zam eziphambili!” wacinga njalo uKhaya. “Uya kutsho alibale ngokuziva ekhathazekile!” uKhaya wacinga ngazo zonke iziqhulo zakhe eziphambili. Wazibhala phantsi ephepheni waza wazifaka kubhaka wakhe.	Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba uKhaya ufuna ukunceda umhlobo wakhe alibale ngokuziva ekhathazekile. Unokuba ucinga ukuba ukuhleka kuya kwenza umhlobo wakhe azive ngcono.
139, 1	Kusasa ngoLwesihlanu, uKhaya wamfumana uBantu esikolweni. “Ndilusizi kakhulu ngokusweleka kukamakhulu wakho,” watsho uKhaya. “Bendingayazi indlela yokukunceda uzive ngcono. Kodwa ndingahlala nje apha nawe ukuba uyafuna. Kanti ukuba ufuna ukuthetha ngokukhathazeka kwakho, ndikhona ukuze ndiphulaphule,” watsho uKhaya.	UKhaya walandela icebo likamama wakhe. Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba umkhathalele umhlobo wakhe, kwaye ufuna ukumnceda azive ngcono.

UKhaya umhlobo kaBantu akazange eze esikolweni ngoMvulo nangoLwesibini. UKhaya wamangala ukuba ngaba uphi na umhlobo wakhe.



Akufika ekhaya uKhaya evela esikolweni ngoLwesibini, umama wakhe wamxelela ukuba umakhulu kaBantu uswelekile. UBantu wayesoloko ekunye nomakhulu wakhe. UKhaya wacinga ngendlela afanele ukuba ukhathazeke ngayo uBantu.

“Kufuneka ndizame ukwenza umhlobo wam azive ngcono,” wacinga njalo uKhaya. Wacinga, wacinga ngento awayenokuyenza.



“Mhlawumbi ndingamenza ahleke uBantu xa ndinokumenzela zonke iziqhulo zam eziphambili!” wacinga njalo uKhaya. “Uya kutsho alibale ngokuziva ekhathazekile!” uKhaya wacinga ngazo zonke iziqhulo zakhe eziphambili. Wazibhala phantsi ephepheni waza wazifaka kubhaka wakhe.



Kusasa ngoLwesithathu, uKhaya wamfumana uBantu esikolweni. UKhaya wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Ngoko ke uKhaya akazange athethe nto. Endaweni yoko, wakhupha iphepha lakhe waqalisa ukwenzela uBantu zonke iziqhulo zakhe. Emva kwaso ngasinye, wayejonga uncumo ebusweni bukaBantu. Kodwa uBantu wasuka wakhangeleka ekhathazekile.



Ngokuhlwa ngoLwesithathu, uKhaya wacinga enye into anokuyenza ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono.

“Mhlawumbi ndingamenza uBantu ayilibale indlela akhathazeke ngayo ukuba ndimbonisa amanye amaqhinga emilingo,” wacinga njalo uKhaya. “Emva koko uya kulibala konke ngokukhathazeka!”

UKhaya wafumana amaorenji ekhitshini. Wawathatha waya nawo phandle waza waziqhelisa amanye amaqhinga emilingo yakhe ngawo, de wakwazi ukugcina amathathu kuwo emoyeni!



Kusasa ngoLwesine, uKhaya wamfumana uBantu esikolweni. UKhaya wacinga ukuba kungamenza akhathazeke ukuthetha ngomakhulu wakhe. Waza ke akathetha nto. Endaweni yoko, wakhupha iitapile zakhe wabonisa uBantu iqhinga lakhe elitsha. Wazigcina zontathu iitapile zakhe phezulu emoyeni, into awayecinga ukuba yayitsala umdla ngeyona ndlela. Wakhangela uncumo ebusweni bukaBantu. Kodwa ubuso babubhalwe ukukhathazeka.



Akufika ekhaya uKhaya ngoLwesine, wayephatheke kakubi emoyeni.

“Ndizame konke ukwenza uBantu azive ngcono! UKhaya wachazela umama wakhe. “Ndimenzele iziqhulo, ndambonisa amaqhinga emilingo yam ephambili, kodwa akukho isebenzileyo!” watsho uKhaya.

“Utshilo na ukuba uyavelana naye ngokulahlekelwa ngumakhulu wakhe?” wabuza umama kaKhaya.

“Hayi. Ndinge ukuba ukuthetha ngomakhulu wakhe kungamenza athi chatha ukukhathazeka,” waphendula njalo uKhaya.



Umama kaKhaya wahlala phantsi ecaleni kwakhe.
“UBantu ukhathazekile kuba ebemthanda umakhulu wakhe. Awudingi kuzama ukumenza alibale intlungu yakhe. Ngamanye amaxesha xa sikhathazekile, sidinga ukuba abahlobo bethu babe kunye nathi kuloo meko, basiphulaphule,” watsho umama kaKhaya.




Kusasa ngoLwesihlanu, uKhaya wamfumana uBantu esikolweni.

“Ndilusizi kakhulu ngokusweleka kukamakhulu wakho,” watsho uKhaya. “Bendingayazi indlela yokukunceda uzive ngcono. Kodwa ndingahlala nje apha nawe ukuba uyafuna. Kanti ukuba ufuna ukuthetha ngokukhathazeka kwakho, ndikhona ukuze ndiphulaphule,” watsho uKhaya.



Okokuqala kuloo veki, uBantu wajonga kuKhaya ngoncunyana.

“Enkosi, Khaya. Ungumhlobo wenene,” watsho uBantu.





Funda 1

Kwakutheni ukuze uBantu angezi esikolweni ngoMvulo nangoLwesibini?

Kuba wayeswelekelwe ngumakhulu wakhe.

Wenza ntoni uKhaya ngoLwesithathu ukuzama ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono?

Wenzela umhlobo wakhe iziqhulo ezama ukumenza ahleke.

Ngubani owanceda uKhaya kweli bali?

UKhaya wancedwa ngumama wakhe!

Kwakutheni ukuze uKhaya enze iziqhulo namaqhinga emilingo?

- Kuba wayefuna umhlobo wakhe uBantu azive ngcono.
- Kuba wayecinga ukuba iziqhulo namaqhinga ziya kumenza uBantu azive ngcono kwimeko yokukhathazeka.
- Kuba wayekukhathalele ukunceda umhlobo wakhe azive ngcono.
- Kuba wayengayazi into amakayenze ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono. Wazama konke awayenako!



Funda 2

Wayengekho nini uBantu esikolweni?

NgoMvulo nangoLwesibini.

Wenza ntoni uKhaya ukuzama ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono?

- Wamenzela iziqhulo ezihlekisayo.
- Wafunda amaqhinga emilingo amatsha.
- Ekugqibeleni, wathembisa ukumphulaphula umhlobo wakhe xa efuna njalo!

Yintoni enokwenza sizithathele isigqibo sithi, uKhaya wayeziva ephazamisekile emoyeni ngokuhlwa kwangoLwesine?

- Kuba wayengakwazi ukwenza umhlobo wakhe azive ngcono.
- Kuba wayesebenza nzima kodwa kwakungekho nto incedayo!
- Kuba wayengazi ukuba makenze ntoni eyenye!

Yintoni eyenza uBantu ancume ekugqibeleni?

- Kuba uKhaya ekugqibeleni wamxelela ukuba uyavelana naye ngomakhulu wakhe.
- Kuba uKhaya wathembisa ukumphulaphula uBantu xa efuna njalo.
- Kuba uKhaya akazange azame ukumenza uBantu alibale umakhulu wakhe.
- Kuba uKhaya waxelela uBantu kulungile ukukhathazeka.



IBALI 3

UZANDILE USEBENZISA I-INTANETHI

Umxholo: Sisebenzisa itekhnoloji



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba itekhnoloji, njengeintanethi neselula, zingasanceda sifumane ulwazi kwaye sifunde izinto ezintsha xa siyisebenzisa ngobulumko.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- I-intanethi sisixhobo esinxibelelanisa abantu kunye nolwazi kwihlabathi jikelele. Singakhangele iimpendulo kwimibuzo yethu kwi-intanethi.
- Xa sifuna ukwazi into ethile, singachwetheza umbuzo kwi-injini yokukhangela (njengoGoogle) size sifumane iividiyo, imifanekiso, kunye namanqaku.
- Singafikelela kwi-intanethi kwikhompyutha okanye kwifowuni. Singaqhagamshela kwi-intanethi sisebenzisa iwifi okanye idatha. Idatha ixabisa imali kwaye ivumela ifowuni ukuba iqhagamshela kwi-intanethi.
- Itekhnoloji isinika ulwazi, kodwa ayikwazi kusicingela. Kusafuneka sifunde, sihlalutye, senze ngokusekelwe koko sikufundayo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Fumana uze ukhumbule iinkcukacha

- Yintoni: Kukukhangela nokukhumbula iinkcukacha ezibalulekileyo ezifana nabalinganiswa, indawo kunye neziganeko.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukugcina okwenzekileyo nokuqonda ngcono ibali.
- Inceda njani: Ikunceda uthethe ngebali kwaye uqonde nokulandelelana Khweziganeko.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
147, 2	“Ndingaqinisekisa njani ukuba amaqunube am akhula ngendlela efanelekileyo?” wacinga efuna ukwazi uZandile.	Uzibuza ntoni uZandile? O! Uzibuza ukuba angenza njani imbewu ikhule kakuhle.
150, 1	Ngobo busuku, udade boZandile omdala, uNontle, wafowuna eseRhawutini. Umama wadlulisela ifowuni kuZandile. “Yintoni entsha endingayaziyo?” wabuza uNontle.	Uthetha nabani uZandile efowunini? O! Uthetha noNontle, udadewabo omdala.

UZandile wayewathanda amaqunube. Kodwa amaqunube ayebiza kakhulu evenkileni!

Ngenye imini, umama kaZandile wayekhangela imbewu yethanga. Umama wajikela kwelinye icala leraki ekhangela le mbewu.

Waza uZandile wabona ipakethi yembewu yamaqunube!

“Mama, singayithenga le mbewu? Ndiyacela yini!” wacenga njalo.

Umama wajonga ixabiso, lalingama: R28 “Kowu! Ayibizi kancinci!” watsho. Kodwa wanqwala intloko wayithatha lo mbewu.



Ekhaya umama kaZandile wamnika ipakethi yembewu yamaqunube. “Andizange ndakhe ndawatyala ngaphambili!” watsho umama. “Kuya kufuneka uziqondele indlela yokuwakhulisa efanelekileyo.”

“Kanti azifani zonke izityalo?” Wabuza uZandile.

“Izityalo ezahlukileyo zifuna izinto ezahlukileyo,” wacacisa umama wakhe. “Ezinye izityalo zifuna intwana yelanga kanti ezinye izityalo zilifuna kakhulu ilanga. Ezinye izityalo zifuna intwana yamanzi kanti ezinye zifuna amanzi amaninzi!”



UZandile wayengafuni ukusebenzisa imbewu yamaqunube ngendlela engafanelekanga, kuba yayibiza kakhulu!

“Ndingaqinisekisa njani ukuba amaqunube am akhula ngendlela efanelekileyo?” wacinga efuna ukwazi uZandile.



UZandile waphuma phandle. Wabona ummelwane wabo uMakhulu uMamiya, egcakamele ilanga. “Molo Makhulu,” watsho.

“Ewe,” waphendula ebulisa naye uMakhulu uMamiya.

“Makhulu wakha wawalima na amaqunube?” wabuza uZandile.

“Hayi, andizange ndawalima mzukulwana,” watsho.



Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwecawe, uZandile wabona umhlobo kadade wabo, uLindi. “Molo Lindi,” wabulisa.

“Molo Zandile,” waphendula ebulisa uLindi.

“Ingaba wakhe wawalima amaqunube?” wabuza uZandile.

“Yho, hayi andizange. Ndiyaxolisa!” watsho.



Ngobo busuku, udade boZandile omdala, uNontle, wafowuna eseRhawutini. Umama wadlulisela ifowuni kuZandile. “Yintoni entsha endingayaziyo?” wabuza uNontle.

“Akukho nto ingako. Umama undithengele ipakethi yembewu yamaqunube! Ndifuna ukutyala ndiwakhulise, kodwa andazi ukuba kwenziwa njani,” watsho.

“Ungafumana nantoni kwi-intanethi!” watsho uNontle. “Sebenzisa ifowuni kamama,” watsho. Ndiza kuthengela idatha.”



Ngobo busuku, uMama wavulela uZandile i-intanethi. “UNontle ukuthumelele idatha,” watsho uMama, waza wanika uZandile ifowuni.

Phezulu ephepheni kwakubhalwe “Google”


“Ndenze njani ke ngoku?” wabuza uZandile.

“Chwetheza ubhale lento uyifunayo apha,” wacacisa uMama.

UZandile wachwetheza wabhala: Ndityala ndiwakhulise njani amaqunube. Waza wacofa iqhosha lokukhangela.



Emva kwemizuzwana embalwa, kwavela uluhlu lwevidiyo namanqaku. UZandile wacofa ku “dlala” kwividiyo.



Njengoko uZandile wayebukele ividiyo, wafunda izinto ezininzi.

Wafunda ukuba izityalo zamaqunube zifuna iiyure ezisi-8 zelanga yonke imihla. Wafunda ukuba ezi zityalo zifuna amanzi amaninzi. Wafunda ukuba kuza kufuneka alinde ubuncinane iiveki ezi-4 phambi kokuba afumane isiqhamo.



Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwesikolo, uZandile waya phandle nembewu yakhe.

Watyala imbewu kwindawo ebetha ilanga esitiyeni. Wayilima imbewu kwiinkonkxa, ngohlobo awayebone ngalo kwividiyo. Wayinkcenkceshela imbewu.

Yayingathi alifiki ixesha lokuvela kwesiqhamo!





Funda 1

Wathengelwa ntoni uZandile ngumama wakhe evenkileni?

Wamthengela ipakethi yembewu yamaqunube.

Wasebenzisa ntoni uZandile ukufunda indlela yokutyala ukhulise imbewu yamaqunube?

Wasebenzisa ifowuni kamama wakhe. Wasebenzisa uGoogle. Wasebenzisa i-intanethi

Wafunda ntoni uZandile ngezinto ezifunwa ngamaqunube ukuze akhule?

- Wafunda ukuba amaqunube afuna iiyure ezisi-8 zelanga yonke imihla.
- Wafunda ukuba ezi zityalo zifuna amanzi amaninzi.
- Wafunda ukuba kuya kufuneka elinde ubuncinane iiveki ezi-4 ukuze afumane isiqhamo.

Wayifunda njani uZandile indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube?

- Wakhangelwa kwi-intanethi.
- Udade wabo uNontle wamthumelela idatha efowunini kamama wakhe. Waza yena wasebenzisa i-intanethi.
- Wabukela ividiyo eyayimbonisa indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube.



Funda 2

Kutheni uMama engamncedi uZandile ukutyala akhulise amaqunube?

Kuba akazange akhe awalime ngaphambili.

Kwakutheni ukuze uZandile ayityale imbewu idwele ngemigca ebukekayo?


Kuba wakubona oko kwividiyo awayeyibukele.

Uyifumene njani idatha yokusebenzisa i-intanethi uZandile?

Udade wabo umthumelele idatha efowunini kamama wakhe ukuze ayisebenzise.

Kutheni esebenzisa i-intanethi uZandile?

- Kuba ufuna ukufunda indlela yokulima imbewu yamaqunube.
- Kuba akukho mntu ambuzileyo othe wayazi indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube.
- Kuba ungafunda nantoni na kwi-intanethi.



IBALI 4

UBUHLE USEBENZISA IZIKRINI

Umxholo: Sisebenzisa itekhnoloji



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ukuchitha ixesha elininzi eskrinini kungasenza siphoswe zizinto ezibalulekileyo nangamaxesha olonwabo nosapho nabahlobo. Kufuneka sifunde indlela ehlakaniphileyo yokukhetha ukusebenzisa izikrini.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Qwalasela ukuqonda

- Yintoni: Kukujonga indlela oqonda ngayo njengoko ufunda, unqumama xa kukho nto ongayiqondiyo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqaphela xa ungaqondi, ulungise.
- Inceda njani: Ikugcina uxakekile kwaye iphuhlisa ukuqiqa nokuqonda ngokuthi ilungise oko ungakuqondiyo ngoko nangoko.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ukuchitha ixesha elide kakhulu efowunini, kwiithabhulethi, okanye iikhompyutha kungakwenza uphoswe kukudlala, ukuzilolonga, okanye ukuchitha ixesha nosapho kunye nabahlobo.
- Ukusebenzisa itekhnoloji kakhulu kungathetha ukuphoswa lulonwabo lokwenene, ukuthetha nabahlobo, okanye ukuncedisa ekhaya.
- Iintsapho zenza izinto kunye, njengokuthetha ngosuku, ukudlala imidlalo, okanye ukubhaka. Ukuthatha inxaxheba kungamnandi kwaye kubalulekile ukuziva uqhagamshelene. Ukungathathi nxaxheba kungasenza sizive sinesithukuthezi okanye singenabani.
- UBuhle kufuneka agqibe phakathi kokusebenzisa ifowuni okanye ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yosapho. Sonke simele ukwenza izigqibo ezifana nesi yonke imihla.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:


Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
159, 1	Ukungena nje kukamakhulu kaBuhle emnyango, uBuhle wacela ifowuni yakhe.	Mandime ndicinge. Umakhulu kaBuhle usanda kufika kwaye into yokuqala uBuhle ukuyenza uboleka ifowuni yakhe. Oko kundixelela into ebalulekileyo. Unemincili kunene ngefowuni. Mandikhangele ukuba ndiyaqonda: Kubonakala ngathi unomdla kakhulu efowunini kunokubulisa okanye ukuthetha. Oko kungabaluleka ekuhambeni kwexesha.
163, 1	“Buhle, yiza uzokudlala – masihambe!” watsho uSapho, ezama ukusitha ifowuni. “Badlala bebandathu icala ngalinye endleleni kwaye bayasidinga!”	Mandime ndicinge. USapho ufuna ukudlala phandle. Oko kuvakala ngathi yinto eyonwabisayo, kodwa uBuhle akafuni kuba yinxalenye. Ndizibuza ukuba kungokuba kutheni. Mandikhangele ukuba ndiyaqonda: Ndicinga ukuba ufuna ukuqwalasela efowunini. Akafuni kudlala kuba usebenzisa ifowuni endawendi yoko.

Ukungena nje kukamakhulu kaBuhle emnyango, uBuhle wacela ifowuni yakhe. UBuhle wangqengqa esofeni, wabukela iividiyo, enye emva kwenye.



Umakhulu nomama wakhe bancokola behleka etafileni.
“Yizokundibalisela ngeveki yakho!” watsho umakhulu kuBuhle.

“Yizokubalisela umakhulu ukuba wenze kakuhle kanjani na kuvavanyo lwakho lopelo!” wakhwaza umama.



UBuhle wanikina intloko. “Hayi! Andifuni kuthetha! Ndibukele!” watsho, amehlo akhe ethe ntshoo efowunini.



Yakuphela idatha kamakhulu, uBuhle wacenga umama wakhe ukuba adlale umdlalo efowunini yakhe – oku komzuzwana.





“Buhle, yiza uzokudlala – masihambe!” watsho uSapho, ezama ukusitha ifowuni. “Badlala bebandathu icala ngalinye endleleni kwaye bayasidinga!”

UBuhle wafinga iintshiyi. “Suka! Uza kundenza ndiphazame!” watsho, evakala enendawo yokudikwa.



Kwakufika utata wakhe, uBuhle wamcenga ukuze asebenzisa ifowuni yakhe athumele umzala wakhe uWhatsApp. Wavuma ebuthandabuza. UBuhle wathumelela umzala wakhe imiyalezo embalwa waze wajamela ifowuni elindele impendulo.



“Sele iza kuba lixsha lesidlo!” wakhwaza umama kaBuhle. “Ndicinga ukuba sifanele ukubhaka ikeyiki neebhiskithi. Ingaba ukho ofuna ukundincedisa?” wabuza umama.

“Ndim! wakhwaza uSapho ebaleka ukuya ekhitshini.



UBuhle akazange aphenndule.



Ngesidlo sasemini, usapho lukaBuhle lwabelana ngamaxesha amnandi emini yabo. Umama wabelana ngento ehlekisayo ayibaliselwe ngumakhulu. USapho wababalisela ngenqaku alifake ebholeni endleleni.



Utata watya ibhiskithi waze wancoma umama
noSapho ngendlela eyayinambitheka ngayo. UBuhle
waphulaphula, ethe cwaka eqonda ukuba akakhange
enze nto ingako ngaloo mini.



Egumbini lakhe, uBuhle wacinga ngamathuba awaphosileyo loo mini – ukuhleka nomama kunye nomakhulu, ukudlala ibhola ekhatywayo nabahlobo, ukubhaka iibhiskithi.

“Ngomso ndiza kuzama into entsha,” wagqiba njalo.





Funda 1

Wacela ntoni uBuhle kumakhulu wakhe akufika?

Wacela kumakhulu ukuba angayisebenzisa na ifowuni yakhe.

USapho wacela ukuba azokwenza ntoni uBuhle phandle?

USapho wacela uBuhle azokudlala naye nabanye abantwana esitalatweni.

Lixesha elingakanani ocinga ukuba lixesha elaneleyo ukulichitha kwifowuni yakho yonke imihla.

Ndicinga...

Umzekelo: Ndicinga ukuba ixesha elifutshane lilungile, njengexeshana emva kokwenza umsebenzi wasekhaya, ukuze libekho ixesha lokudlala nokuncokola nosapho.

Ucinga ukuba kutheni uBuhle engafuni ukuyeka ukusebenzisa ifowuni?

Ndicinga...

Umzekelo: Ndicinga ukuba uBuhle wonwabele ukubukela iividiyo nokudlala imidlalo. Andicingi ukuba uyacinga ngazo zonke izinto ezimphosayo.



Funda 2

Zeziphi izinto uBuhle ezimphosayo ngosuku?

- Ukuncokola nokuhleka nomakhulu nomama.
- Ukudlala ibhola ekhatywayo noSapho.
- Ukubhaka iibhiskithi nomama wakhe.
- Ukuchitha ixesha nokunxulumana nabantu bosapho lwakhe.

Ingaba ukuziphatha kukaBuhle kubuchaphazela njani ubudlelwane bakhe nosapho lwakhe ngala mini?

- Kuba uBuhle uchitha inxalenye yosuku efowunini, akabi yinxalenye yosapho lwakhe. Uyazikhetha kubo aze aphoswe ngamathuba akhethekileyo ababelana ngawo.


Ucinga ukuba kutheni ethule uBuhle ngesidlo sasemini?

- Ndicinga ukuba uBuhle uthule kuba uziva engahoyekanga - akakhange abe yinxalenye yemisebenzi kunye nosapho lwakhe nezihlobo emini.
- Ndicinga ukuba uBuhle uthule kuba akukho nto ingako anokwabelana ngayo kwaye uyaqonda ukuba uphosiwe.
- Ndicinga ukuba uBuhle uthule kuba usapho lwakhe lunxulumana ngezinto ezonwabisayo oluzenzileyo nabanye ngexesha lasemini, kodwa uBuhle ebekunye neefowuni imini yonke.

Ngowuphi umyalezo ocinga ukuba umbhali uzama ukusifundisa wona ngokusebenzisa iifowuni?

Ndicinga...

Umzekelo: Ndicinga ukuba umbhali uzama ukusifundisa ukuba ukusebenzisa iifowuni kulungile xa ilithutyana, kodwa ukuchitha ixesha elininzi kakhulu kwiskrini kungenza siphoswe lixesha elibalulekileyo nosapho nabahlobo.



IBALI 5

UKHUSELEKILE BONGIWE!

Umxholo: Silandela imiyalelo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ukulandela imiyalelo okanye imithetho akusoloko kulula. Ngamanye amaxesha, singaziva sihendekile ukuyaphula imithetho. Kodwa, imithetho yokhuseleko eyenziwe ngabantu abasikhathaleleyo ikho ukusikhusela.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ezinye iindawo zikhuselekile ebantwaneni kwaye ezinye azikhuselekanga.
- Ngamanye amaxesha abantu abadala bazi ngeengozi abantwana abangenakho ukuzazi. Abazali kunye nabagcinibantwana benza imithetho ukugcina abantwana bekhuselekile engozini.
- Ngamanye amaxesha sifuna into (njengeelekeke), kwaye oko kungenza kube nzima ukwenza izigqibo ezikhuselekileyo. Ngamanye amaxesha siyawazi umthetho, kodwa siziva sihendeka ukuba siwaphule.
- Ukuziva usoyika kusixelela into ebalulekileyo. Inokuba luphawo lokulumkisa. Ukoyika asibobutyutyusi - ukuba siyakuphulaphula, kungasanceda ukusigcina sikhuselekile.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / zibuze

- Yintoni: Kukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
177, 1	UBongiwe wacinga ukubiza uAlulutho ahambe naye. Kodwa, akazange afune ukwahlula imali yeelekese kunye nodade wabo!	UBongiwe uyazi ukuba akamele kuba yedwa, kwaye uyazi akufunekanga ahambe ecaleni kwaseshibhini. Ndiyazibuza ukuba uBongiwe uza kuyilandela na imithetho kamama wakhe, nangona engekho!
180, 1	Akuyibona ishibhini uBongiwe, wabaleka wangena epasejini encinane esiya evenkileni. Wangena evenkileni waya ekhawuntarini. “Ndize kuthathela uTata uDlamini,” watsho ehambisa imali.	Ndiyazibuza umama kaBongiwe angeva njani ukuba unokubona uBongiwe ngaseshibhini, eyedwa jwii?

Kusasa ngoMgqibelo othile umama kaBongiwe wahambela umhlobo wakhe. Phambi kokuba ahambe wanga uBongiwe noAlulutho waza wavalelisa.

“Nihlale nikhuselekile. Nikhumbule, kufuneka nihlale nikunye imini yonke. Ukuba niya ezivenkileni, hambani ngendlela ningahambi ezipasejini eziphakathi Khwezindlu! Ningasondeli eshibhini!”



Ngalo mva kwemini, uTata uDlamini, ummelwane kaBongiwe, wamkhwaza embiza. Wayephethe imali. “Nceda undiyele kula venkile isemva kweshibhini undithengele inyama nepapa,” watsho, “ungazithengela ilekese endleleni.”



UBongiwe wacinga ukubiza uAlulutho ahambe naye.
Kodwa, akazange afune ukwahlula imali yeelekese
kunye nodade wabo!




Kwakuburhatyela kodwa uBongiwe wacinga ukuba mhlawumbi xa athe wakhawuleza angabuya phambi komama wakhe. Ngolo hlobo umama wakhe angekhe azi. UBongiwe wathatha imali kuTata. “Ndibafowunele evenkileni. Ukutya kwam uyakufika kulungile!” watsho uTata uDlamini encumile.



UBongiwe wayinyhala epokothweni imali wee ngqee ukuya evenkileni. Umama kaBongiwe wayemyalile ukuba asoloko ehamba ngendlela xa esiya ezivenkileni. Kodwa yayikhawuleza indlela engena ezipasejini! Wacinga ukuba xa enokuthatha iipaseji, uya kubuya phambi kokufika kukamama wakhe. Ngoko ke umama wakhe akayi kuyazi loo nto.




Akuyibona ishibhini uBongiwe, wabaleka wangena epasejini encinane esiya evenkileni. Wangena evenkileni waya ekhawuntarini. “Ndize kuthathela uTata uDlamini,” watsho ehambisa imali.



Wathi xa eguquka ukuba ahambe, wabona amadoda amathathu eme kwipaseji encinane. Ayejonge kuye. Wangenwa kukoyika. “Ndicinga ukuba ndiyayibona ngoku into ebangele ukuba umama athi ndingaze ndize eshibhini,” wacinga njalo.




UBongiwe wathatha itshintshi wathenga iilekese
esikroxweni. Kwakuza kuba mnyama kungekudala.



Wabaleka phakathi ezipasejini, ezama ukufika ekhaya kungekabi mnyama, engekafiki nomama wakhe. Wathi njengoko ebaleka kwaye kukho umfana omkhwazayo, “Ntombazana yiz’apha! Yiz’apha, thetha nam!” watsho. UBongiwe wayefile kukoyika.

“Ndicinga ukuba ndiyayiqonda ngoku into ebangela ukuba umama athi ze singahambi ezipasejini,” wacinga njalo, ebaleka ngamandla.



Akufika ekhaya, uTata uDlamini wayelindile. “Ingaba sefikile umama wam ekhaya? Umbonile?” wabuza uBongiwe engazinzanga.

“Hayi, andikamboni,” watsho uTata. UBongiwe watsala umoya ezantsi kwathi qabu.



Njengoko uBongiwe wayehleli esituphini sakhe esitya iilekese zakhe, wathatha isigqibo. Wazigqibela ukuba akasoze aphinde asondele eshibhini okanye abaleke ezipasejini kwakhona.





Funda 1

Wamcela ukuba amyele phi uTata uDlamini, uBongiwe?

Wamcela ukuba amyele evenkileni esemva kweshibhini aye kumlandela ukutya kwakhe.

Wayeyalwe ukuba angayi phi uBongiwe ngumama wakhe?

Wamyala ukuba angayi ezipasejini okanye kufuphi neshibhini.

Kwakutheni ukuze uBongiwe aye eshibhini noxa wayeyaliwe ngumama wakhe?

- Kuba akazange acinge ukuba angehlelwa yinto embi.
- Kuba wayefuna iilekese!
- Kuba uTata uDlamini wamcela ukuba aye kumlandela ukutya kwakhe evenkileni.
- Kuba wacinga ukuba umama wakhe angekhe akwazi oko.



Funda 2

Wazithengela phi iilekese uBongiwe?

Wazithenga esikroxweni.

Wagqiba entwenini uBongiwe ekupheleni kwebali?

Wagqiba ukuba akasoze aphinde aye kufuphi neshibhini okanye abaleke ezipasejini kwakhona.

Kwakutheni ukuze uBongiwe agqibe ukuba akasoze asondele eshibhini okanye abaleke ezipasejini kwakhona?

- Kuba waziva esoyika kakhulu xa wayekuphi neshibhini.
- Kuba waziva esoyika kakhulu xa wayebaleka ezipasejini egoduka.
- Kuba ubona ukuba wayenokwehlelwa yinto embi!

IBALI 6

UVUSI NOMANDLALO WOMLAMBO

Umxholo: Silandela imiyalelo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ubukrothi benene buthetha ukwenza izigqibo ezikhuselekileyo kunye nokuphulaphula izilumkiso, nkqu naxa abanye bekuntyontyela ukuba zibeke esichengeni.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umandlalo womlambo ngumhlaba apho umlambo uhamba khona. Ngamanye amaxesha womile, ungabi namanzi. Ngamanye amaxesha unentwanana nje yamanzi. Emva kwemvula enkulu, angazala ngokukhawuleza uze ube nobungozi. Xa isina kakhulu, amanzi angena emilanjani. Umfula omncinci ungajika ube ngumlambo onamandla.
- Amanzi ahambayo anganamandla kakhulu. Angakhukulisa abantu abadudulele kude, nkqu nokuba awabonakali ngokunga anzulu. Amatye emilanjani angamtyibilizi, kwaye kunokuba lula ukutyibilika.
- Ngamanye amaxesha, abantu babhidanisa ukuba likhalipha nokungoyiki. Kodwa, abantu abakhaliphileyo bangaziva besoyika. Ukukhalipha akuthethi ukungahoyi ingozi.
- Abantu abadala basoloko belumkisa abantwana ngeendawo ezinobungozi. Imithetho ngokuhambela kude kwiindawo ezinobungozi kuthetha ukuzigcina ukhuselekile, hayi ukona ulonwabo lwethu.
- Eli bali linesakhiwo esiphindaphindiweyo abafundi abanokukhuthazwa ukusiqaphela: Abahlobo bakaVusi bayamxhokonxa, uyasiva isilumkiso sikadadewabo kodwa akasihoyi, imeko iba nobungozi ngakumbi.




Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
193, 1	Ngosuku olulandelayo, uVusi wahamba kufutshane nomandlalo womlambo. Kodwa wafika ingengomandlalo koko ingumfula onamanzana ankcenkcezayo.	Ndiyakhumbula kwakukho amachaphaza emvula esiwa eluphahleni lukaVusi. Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ndithi kungoko umandlalo womlambo wawungumfulana omncinane, wawusuka emvuleni.
196, 2	UVusi wathi nqumama. Wacinga kabini. Wayeliva ilizwi likadade wabo omdala linkenteza entloko: “Ungadlaleli kufutshane nomandlalo womlambo. Ngekhe wazi ukuba ungatshayelwa nini kumkiwe nawe.”	Ndizithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba uVusi uqalisa ukuziva engaqinsekanga okanye enxhala, kuba wanqumama, wacinga kabini, kwaye wakwakhumbula isilumkiso sikadadewabo.

UVusi wayekhaliphile. UVusi wayengoyiki ngokoyikiswa. Wayekuthanda ukuqhayisa ngento yokuba akukho nto ayoyikayo yena.


Abahlobo bakhe bathi bakuthi makababonise ngokutsiba kwisakhelo esiphakamileyo sokutsiba akaphozisa maseko, watsho khona.

Bathi bakumnika umngeni wokugwencela enyuke owona mthi uphakamileyo, akacinga nakabini.



Ngenye imini abahlobo bakaVusi bathi makanqumle emlanjeni kungekho manzi. UVusi wathi nqumama. Wacinga kabini.

Wayeliva ilizwi likadade wabo omdala linkenteza entloko: “Ungadlaleli kufutshane nomandlalo womlambo. Ngekhe wazi ukuba ungatshayelwa nini kumkiwe nawe.”





Kodwa uVusi wayekhaliphile. Wayengoyiki ngokoyikiswa. Akazange oyikiswe ngumandlalo womlambo ongenamanzi.

Wahamba epholile wanqumla kumandlalo womlambo. Wathi xa ekwicala elokude phaya, wahamba ngokuphola ngakumbi. “Niyabona ke!” watsho ngokuziqhayisa, “akukho nto yoyikekayo apha!”


Ngobo busuku, uVusi walala emamele amaqabaza emvula esiwa kuphahla lwamazinki lwendlu yakowabo. “Ingaba yintoni le yoyikwa kumandlalo womlambo?” wacinga njalo.



Ngosuku olulandelayo, uVusi wahamba kufutshane nomandlalo womlambo. Kodwa wafika ingengomandlalo koko ingumfula onamanzana ankcenkcezayo.


Abahlobo bakaVusi baphinda bamntyontyela ukuba ahambe, enqumla umfulana lowo. UVusi wathi nqumama. Wacinga kabini.

Wayeliva ilizwi likadade wabo omdala linkenteza entloko: “Ungadlaleli kufutshane nomandlalo womlambo. Ngekhe wazi ukuba ungatshayelwa nini kumkiwe nawe.”



Kodwa uVusi wayekhaliphile. UVusi wayengoyiki ngokoyikiswa. Waziva enayo indawana yokoyika amanzi akulo mlanjana, kodwa zange afune ukuzibonakalisa.

Wakhawuleza wahamba enqumla umfula lowo. Wathi akuba kwicala elikude phaya, wajika wabuya ekhawulezile. “Niyabona ke!” watsho kwehlile ukuziqhayisa, “akukho kwanto yoyikekayo kulo mfulana!”



Ngobo busuku, uVusi walala emamele amaqabaza emvula esitsho phezu kophahla lwezinki lwendlu yakowabo. Wamamela isandi sokundila kweendudumo. “Ndiyacinga ingaba yintoni le ibisoyikisa ngala mfulana, unkcenkcezayo?” wazicingela njalo.



Ngosuku olulandelayo, uVusi waya emlanjeni, omncinane onkcenkcezayo. Kodwa wafika ingengomfula unkcenkcezayo – yayingumlambo ozeleyo, ubaleka amanzi.


Abahlobo bakaVusi bamntyontyela ukuba angene anqumlele ngaphaya. UVusi wathi nqumama. Wacinga kabini.

Wayeliva ilizwi likadade wabo omdala linkenteza entloko: “Ungadlaleli kufutshane nomandlalo womlambo. Ngekhe wazi ukuba ungatshayelwa nini kumkiwe nawe.”




Kodwa uVusi wayekhaliphile. UVusi wayengoyiki ngokoyikiswa. Wayesoyika kodwa engafuni kuzibonakalisa.

UVusi wabaleka ngokukhawuleza phakathi kumlambo obaleka amanzi. Wathi akufika kwicala elingaphesheya phaya wabaleka ebuya.



Kanye phambi kokuba afike kudonga lomlambo,
iinyawo zakhe zatyibilika kumatye amtyibilizi.
Waya kuwa phakathi emlanjeni obaleka amanzi.
Wamtshayela umlambo wemka naye.

“Ndincedeni!” wakhwaza ekhala uVusi.
Wayengasakhathali nokuba abahlobo bakhe
bayambona indlela awayesoyika ngayo ngoku. UVusi
wapitiliza ezama ukubuyela enyeleni.




Abahlobo bakhe babaleka ecaleni behlisa umlambo. Umhlobo wakhe uMichael wangena phakathi emlanjeni lowo wawuzele ubaleka amanzi waza wakwazi ukunqakula isandla sakhe. UMichael wamtsalela uVusi ngaphandle kwamanzi wafika eludongeni lomlambo.

UVusi wagoduka evuza amanzi engcangcazela kukoyika.



Ngobo busuku, uVusi wangqengqa ebhedini.
“Ndiyayazi le nto yoyikisayo ngomlambo ozeleyo,
obaleka amanzi,” wacinga njalo. “Ndingafane
ndibe ndikhaliphile, ndingafane ndibe andoyiki
ngokoyikiswa, kodwa andisoze ndiphinde ndidlale
kufutshane nomandlalo womlambo!”





Funda 1

Sasisithini isilumkiso awasinikwa ngudade wabo uVusi?

Wamlumkisa ukuba angadlaleli kumandlalo womlambo, kuba angatshayelwa kumkiwe naye.

Waguquka wayintoni umandlalo owomileyo womlambo?

Waguquka wangumlambo ozeleyo obaleka amanzi.

Ucinga ukuba kutheni udade boVusi wayemlumkise ukuba angadlaleli kufutshane nomandlalo womlambo?

- Kuba uyayazi into yokuba imvula ingawujika umandlalo womlambo owomileyo ube ngumfula okanye umlambo obaleka amanzi.
- Kuba uyayazi into yokuba uVusi ngamanye amaxesha uyakuthanda ukwenza izinto ezinobungozi.
- Kuba uyamazi ukuba uVusi akakwazi kuqubha.
- Kuba uyayazi into yokuba uVusi angatshayelwa ngamanzi xa umlambo uzele unamandla ngokwaneleyo.
- Mhlawumbi wakhe wabona okanye weva ngabanye abantwana abakhe batshayelwa sisikhukhula kudonga lomlambo.



Funda 2

Zeziphi izinto zobukhalipha ezakhe zenziwa nguVusi?

- Watsiba kwesona sakhelo siphakamileyo sokutsiba.
- Wagwencela wenyuka owona mthi uphakamileyo.

Ucinga ukuba uVusi angaze aphinde adlale kumandlalo womlambo? Ngoba okanye hayi ngoba?

Ndicinga... kuba...

Sesiphi isifundo ocinga ukuba uVusi usifundile ngolwa suku?

Ndicinga ukuba uVusi ufunde... kuba ...

Umzekelo: Ndicinga ukuba uVusi ufunde ukungadlali emandlalweni womlambo, kuba ungajika ube ngumlambo ngokukhawuleza.



IBALI 7

IBRASHI YOKUZOBA NGEPEYINTI

Umxholo: Sinobugcisa



**Iinkcukacha
ngemvelaphi**

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ubuchule bungokuzama iingcamango ezintsha, ukwenza amalinge ngezixhobo ezahlukeneyo, kunye nokusebenzisa ingqondo ukusombulula iingxaki okanye into enqabileyo.



**Eminye imiba
yokwabelana nabafundi
bakho**

- Igcisa ngumntu osebenzisa iipeyinti, iipensile, okanye ezinye izixhobo ukwenza ubugcisa. Amagcisa anganabo nobuchule ngokusebenzisa izinto ezingaqhelekanga ukwenza ubugcisa bawo.
- Ukuba nobuchule kuthetha ukuzama izinto ezintsha. Ngamanye amaxesha, kufuneka ucinge ngokwahlukileyo kwaye ulinge ukudala into ekhethekileyo.
- Ukubona ubugcisa kungenza abantu babe nemincili, babe nomdla wokwazi, okanye bakhuthazeke ukwenza obabo ubugcisa.
- Ubugcisa bungokwenza izinto ngendlela yakho. Akukho ndlela ilungileyo yokwenza ubugcisa. Ukuba nobuchule kuthetha ukusebenzisa okwakho ukucinga kunye nokwenza izigqibo zakho.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
205, 4	Inye kuphela into awayecinga ngayo uChulekazi ngumzobo omtsha osedongeni.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe ebalini ukuba uChulekazi uthabathekile ngumfanekiso kuba akayeki ukucinga ngawo!
211, 1	Emva kwesidlo sangokuhlwa, uChulekazi waqwalasela ipeyinti. Waqwalasela ephepheni. Waza uChulekazi wafikelwa licebo. Wafaka umnwe wakhe epeyintini, waza wazoba ngegqabi elibomvu. Yonke into yaba yibrashi yokuzoba ngepeyinti!	Ndingathatha isigqibo esisekelwe ebalini ukuba uChulekazi lichule, kuba uqaphela ukuba angasebenzisa izinto ezininzi ukupeyinta ngazo - wayengadingi brashi yakupeyinta tu!



UChulekazi wangena eklasini yakhe. Kwakukho ipowusta entsha edongeni. Yayibonisa umzobo oqaqambileyo. UChulekazi wayiqwalasela le powusta. Wayemangalisekile.

Into eqhelekileyo yayikukuba uChulekazi wayethanda ukumamela xa kufundwa notitshala. Kodwa namhlanje, waqwalasela umzobo endaweni yokumamela.

Into eqhelekileyo, kukuba uChulekazi wayekuthanda ukubala. Kodwa ngexesha lezibalo, akazange abale nakanye.

Inye kuphela into awayecinga ngayo uChulekazi ngumzobo omtsha osedongeni.



Ithe yakukhala intsimbi, uTitshalakazi uMahao wayiyeka ikhosi yaphuma isiya kwikhefu.

“Chulekazi, yiza nceda uze kundibona!” wakhwaza watsho.

“Ndiyabona ukuba uyawuthanda lo mzobo,” watsho.
“Mhlawumbi ungayithanda nale!” uTitshalakazi uMahao wanika uChulekazi incwadi.



USiya wayelinde uChulekazi phandle.

“Jonga!” watsho uChulekazi.

UChulekazi wavula incwadi. Iphepha ngalinye lalibonisa umzobo omtsha, omhle. UChulekazi wayemangalisekile.

UKoki wakhwaza uChulekazi aze kutsiba.

“Hayi namhlanje!” waphendula watsho.



Wathi akufika ekhaya uChulekazi, wafumana ibhokisi yakhe endala yokuzoba ngepeyinti. Kodwa, akuyivula, yayingekho ibrashhi yokuzoba ngepeyinti! Wayikhangela kuyo yonke indawo, wakhangela edesikeni yakhe yokufunda, kwibhaskithi yezinto zakhe zokudlala. Zange ayifumane tu ibrashhi yakhe yokuzoba ngepeyinti.




UChulekazi waya phandle esiya kudlala. Wafumana igqabi elibomvu. Wafumana isiciko esibengezelayo sebhophile.

Utata kaChulekazi waphuma weza phandle.

“Jonga into endiyifumeneyo!”
watsho uChulekazi.

“Wowu!” watsho utata. “Ngena phakathi
ufumane isidlo sangokuhlwa.



Emva kwesidlo sangokuhlwa, uChulekazi waqwalasela ipeyinti. Waqwalasela ephepheni. Waza uChulekazi wafikelwa licebo. Wafaka umnwe wakhe epeyintini, waza wazoba ngegqabi elibomvu. Yonke into yaba yibrashi yokuzoba ngepeyinti!



UChulekazi wapecyinta wapecyinta, waza utata wakhe
wangena egumbini lakhe.

“Lixesha lokulala,” watsho.

“Jonga!” waphendula.

“Wowu! Inene ungumzobi wenene,” watsho, ejonge
imizobo yakhe.



Ngentsasa elandelayo, uChulekazi wakhetha owona mzobo awuthandayo waza wawufaka kubhaka wakhe wesikolo.

“Ndiza kuhamba phambi kwexesha,” watsho kumama wakhe.

UChulekazi wavula ucango lweklasi. UTitshalakazi uMahao wayelungiselela ukuqala imini yakhe.

UChulekazi wakhupha umzobo kubhaka wakhe.

“Ngowakho lo,” watsho.

“Wowu!” watsho uTitshalakazi uMahao.

“Mhlawumbi ngenye imini imizobo yakho iya kuba sencwadini.”



Ukubetha kwentsimbi, uChulekazi wangena eklasini. Abanye abantwana babeqwalasele into eyayixhonywe eludongeni. UChulekazi wasondela naye waqwalasela – yayingumzobo wakhe!

“Ndifuna ukuzoba ngolu hlobo!” weva omnye umntwana esitsho.

UChulekazi yaba ngathi akaphumi phandle aye kufumana izinto ezintsha aza kuzoba ngazo.





Funda 1

Wabona ntoni uChulekazi edongeni?

UChulekazi wabona ipowusta / umzobo edongeni.

Yintoni uChulekazi awayinikwa ngutitshala wakhe?

Utitshala wakhe wamnika incwadi yemizobo yepeyinti.

Kwakutheni ukuze uChulekazi anike uTitshalakazi uMahao umzobo?

- Kuba wayefuna ukumbulela uTitshalakazi uMahao ngokumnika incwadi yakhe.
- UTitshalakazi uMahao wabonisa ububele kuChulekazi ngokumnika isipho.
- UChulekazi wayefuna ukubonisa uTitshalakazi uMahao ukuba naye uyakwazi ukuzoba ngepeyinti.



Funda 2

Wasebenzisa ntoni uChulekazi endaweni yebrashi?

Wasebenzisa iminwe yakhe, igqabi, kunye nesiciko sebhottle.

Kutheni uChulekazi engazange apeyinte ngebrashi yokupeyinta?

Kuba akazange ayifumane ibrashi yokupeyinta anokuyisebenzisa.

Kutheni uChulekazi ekuchwayitele ukuphuma phandle afumane izinto ezintsha anokuzizoba ngepeyinti?

- Kuba ufuna ukufumana izinto ezintsha anokuzizoba.
- Kuba uziva ezele ukuziqhayisa ngemizobo yakhe. Uchwayitele ukwenza imizobo emitsha.
- Kuba kumvisa kamnandi ukuzoba ngepeyinti usebenzisa izixhobo ezahlukileyo.
- Ufuna ukulinga azobe ngezixhobo ezahlukileyo.
- Uye wakonwabela ukuzoba. Ufuna ukwenza eminye imizobo.
- Uyakuthanda ukubonisa ubugcisa nemizobo. Ufuna ukwenza eminye imizobo.
- Mhlawumbi ufuna ukwenzela uTitshalakazi uMahao umzobo wepeyinti omtsha awuxhome edongeni.



IBALI 8

UNYANA

OSISILUMKO

Umxholo: Sinobugcisa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba ukucinga ngononophelo nangokucwangcisa kubaluleke njengokusebenza nzima xa usombulula iingxaki.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ukusebenza nzima kuthetha ukuzama kakhulu. Ukucwangcisa kuthetha ukucinga ngononophelo phambi kokuba wenze. Ngamanye amaxesha ukuqala ngokucinga kungakunceda ube ngumsombululi weengxaki ongcono.
- Amaxesha amaninzi, kukho iindlela ezininzi zokusombulula ingxaki. Ukusombulula ingxaki, ukucinga ngobuchule nobukrelekrele kungabaluleka njengamandla omzimba.
- Ubuchule asikokuzoba nokupeyinta kuphela. Ubuchule bukwakuxa sicinga ngeendlela ezintsha okanye ezahlukileyo ukusombulula iingxaki.
- Cinga ngegama “zalisa”. Lithetha ukuthini igama “ukuzalisa” into?



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni sigisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
224, 2	Yagqiba ukuba iyakuzama ukuzalisa idladla ngentlabathi. Yazalisa ikiliva emva kwenye ngentlabathi iyikha emlanjeni. Yasebenza nzima, kodwa ngosuku lwesihlanu idladla lalingekho nakwisiqingatha ukuzala.	Loluphi uhlobo onokulwenzisa ngonyana wokuqala? Ndenza uhlobo lokuba ungumntu osebenza nzima.
229, 1	Kwathi kwakulala ubumnyama ngosuku lwesihlanu, unyana onguntondo wabizela uyise kwidladla. Wavula ingxowana yakhe encinane wakhupha ikhandlela elikhulu waza walibeka phantsi embindini wedladla. Walilayita, kwangoko idladla lazala kukukhanya.	Loluphi uhlobo onokulwenzisa ngonyana omncinci? Ndenza uhlobo lokuba wayelichule lokucinga, kuba wenza izinto ezahluke kakhulu kwezabakhuluwa bakhe.

UMpumi noodade wabo babethanda ukutyelela umakhulu wabo kwilali yaseZinyoka ngeeholide zasebusika. Ngokuhlwa, umakhulu wayebasa umlio omkhulu phandle, ze bahlale bawujikeleze baphunge iti bazifudumeze ngokusondela kuloo madangatye omlilo.



Ngobusuku obukhethekileyo bafikelwa nguTatomncinci uKhwezi. Wayesaziwa lusapho ngokuba ngumbalisi wamabali amnandi ngeyona ndlela. Kodwa, wayeyindoda ethuleyo, ngoko ke kwakusaziwa ukuba kwakungelula ukuba avele abelane ngamabali akhe.

UMpumi nodade wabo bamqwalasela uMalume uKhwezi njengoko wayeziphungela iti yakhe ethe cwaka. Kodwa uMpumi akazanghe akwazi ukuzibamba.

“Tamnci, siyacela Rhadebe, nceda usibalisele ibali! Sivile ukuba uyincutshe!” wacenga njalo uTatomncinci wakhe.

UTatomncinci uKhwezi waphakamisa intloko, wayekhangeleka emangalisekile. Wancumela uMpumi.

“Ndiza kubalisela elona bali ndilithandayo, kuba ulundwendwe oluvela kude,” wavuma watsho.



Kudala dala, kwakukho ixhego lomfama elalinoonyana abathathu. Lalikhangeleka buthathaka ngenxa yempilo nokuguga, ngoko ke kwakufuneka lithathe isigqibo malunga nokuba ngowuphi unyana elaliza kushiya ifama yalo ezandleni zakhe xa linokusweleka. “Ubufama budinga ubuchule bokuqqa nokucwangcisa,” lacinga njalo. “Kuya kufuneka le fama ndiyishiye koyena nyana wam ulichule lokuqqa nokucwangcisa.”



Eli xhego lomfama lababizela kwidladla oonyana balo ngenye imva kwemini.

“Xa ndingasekho emhlabeni, omnye wenu uya kufumana le fama,” wabachazela oonyana bakhe, “iya kuthi ke ngoko ibe luxanduva lwalowo ukunakekela abantakwabo. Kufuneka ke ndithathe isigqibo sokuba ngubani na apha phakathi kwenu oya kwenza umsebenzi ongcona xa enakekela le fama sendingasekho mna.”

Bayana ngamehlo oonyana, ingulowo ecinga ukuba ngubani kubo owayefanele ukufumana loo fama.




“Niyalibona eli dladla?” labuza lenjenjalo ixhego lomfama. “Ngamnye kuni uya kunikwa iintsuku ezintlanu ukuba alizalise qhu ngaloo nto aya kuba eyikhethile. Umntu kufuneka athathe iintsuku ezintlanu ukulizalisa eli dladla.”



Inkulu yaba yiyo eqalayo.



Yagqiba ukuba iyakuzama
ukuzalisa idladla
ngentlabathi. Yazalisa ikiliva
emva kwenye ngentlabathi
iyikha emlanjeni. Yasebenza
nzima, kodwa ngosuku
lwesihlanu idladla lalingekho
nakwisiqingatha ukuzala.



Unyana ophakathi walinga ngosuku olulandelayo. Yena wakhetha umbona. Wathutha iingxowa ngeengxowa zombona esuka nawo emasimini ethuthela kwidladla. Wasebenza nzima nangokuzimisela, kodwa ngosuku lwesihlanu idladla lalikwisiqingatha ukuzala!



Unyana onguntongo waba ngowokugqibela ukulinga lo msebenzi. Waluchitha usuku lwakhe lokuqala engqengqe phantsi komthi emthunzini, esitya amathambo entloko.

“Linqenerha ke khona!” wacinga njalo unyana oyinkulu.

“Ngokuqinisekileyo ndim oza kufumana le fama!”

Ngosuku lwesibini, unyana onguntongo wahlala kwakhona, wafunda incwadi wacinga ngento anokuyenza.

“Akakhathali ke khona!” wacinga njalo unyana ophakathi.

“Ngokuqinisekileyo iza kufunyanwa ndim le fama!”


Ngosuku lwesithathu, unyana onguntongo wahlala phantsi ephethe incwadi yokucholachola amanqaku, wayecinga, ecwangcisa into owayeza kuyenza.

“Akasebenzi nzima konke!” wacinga njalo uyise.

“Akukho nto aza kuyizuza!”



Ngosuku lwesine, lo nyana wahamba kwangethuba ukuya edolophini. Wabuya ngobo busuku ephethe ingxowana encinane. Ngeli xesha usapho lwakhe lwalukholelwa ukuba akayikhathalelanga into yokufumana ifama.



Ngosuku lwesihlanu, wade wathetha naye uyise.
“Kutheni le nto ungazidubi ngokwenza nto?
Usisikhubekiso kum!” wakhwaza watsho.

“Hayi akunjalo tata! Nceda ndithembe. Ndinecebo
elihle ngenene!”



Kwathi kwakulala ubumnyama ngosuku lwesihlanu, unyana onguntondo wabizela uyise kwidladla. Wavula ingxowana yakhe encinane wakhupha ikhandlela elikhulu waza walibeka phantsi embindini wedladla. Walilayita, kwangoko idladla lazala kukukhanya.

Uyise wabhekabheka emangalisiwe. “Inene uyindodana ehlakaniphileyo. Nguwe kuphela okwazileyo ukuzalisa idladla. Ifama ndiyinikela kuwe!”



UTatomncinci uKhwezi wajonga kuMpumi kunye noodade wabo. “Niyabona ke ngoku – ukusebenza nzima kubalulekile, kodwa kufuneka ube ngumcwangcisi olumkileyo!”





Funda 1

Yazama ukulizalisa ngantoni idladla inkulu?

Inkulu yazama ukuzalisa idladla ngentlabathi.

Wazama ukuzalisa idladla ngantoni unyana wesibini?

Unyana wesibini wazama ukuzalisa idladla ngombona.

Kwakutheni ukuze unyana wesithathu afumane ifama?

- Kuba nguye kuphela owazalisa idladla.
- Kuba wazalisa lonke idladla ngokukhanya.
- Kuba wayenecebo elilungileyo.
- Kuba wayenecebo elingcono kunelabantakwabo.
- Kuba wayehlakaniphile.



Funda 2

Ngowuphi umngeni uyise awawunika oonyana bakhe?

Wabacela umngeni wokuzalisa idladla ngeentsuku ezi5.

Ucinga ukuba wayesenza ntoni unyana omncinci njengoko wayehleli ecinga usuku ngalunye?

Ndicinga ukuba waye...

Umzekelo: Ndicinga ukuba wayezama ukucinga indlela entsha yobugcisa yokuzalisa idladla.

Ingaba uyavumelana nokukhetha kukatata kokunika unyana omncinci ifama? Cacisa uluvo lwakho.

- Ewe ndiyavumelana nendlela yokukhetha kukatata kuba...
- Hayi andivumelani nendlela yokukhetha kukatata kuba...



